

IZIBHALO ZOKHOLO

ISSUE 4

Okt – Nov – Dis

2024

Iindaba Ezilungileyo

Mihla Yonke

ISIMAHLA

AYITHENGISWA

LE NCWADI YEZIBHALO
ZOKHOLO SELE IBHATALELWE
NGABAXHASI BETHU AYITHENGISWA.

Ngamanzi abandayo emphefumleni otyhafileyo Iindaba ezilungileyo, ezivela ezweni elikude. (Imizekeliso 25:25)

Uebert & BeBe
ANGEL



U-UEBERT noBEBE ANGEL

UMprofeti u-Uebert noBeBe Angel bangoovulindlela abaneminyaka sele bavula ibandla, namazwi abo ekwaphambili ekuvakaliseni iiNdaba ezilungileyo zobabalo lukaThixo (i-Euaggelion) nakwezesiprofeto ehlabathini lonke. Phakathi kweencwadi abazibhalileyo zezi zilandelayo: Spiritual Warfare, Intimacy, Prayer Banks, Supernatural Power of The Believer, nezinye. Abaprofeti aba babizwa kakhulu ehlabathini lonke njengezithethi kwiinkomfa ezingundabamlonyeni kwaye nanjengeenkokeli ehlabathini, bahlonitshwe kakhulu ngemibono yabo, ubukhalipha nesakhono sokusungula izinto. Njengabaseki beGood News Church (iSpirit Embassy), bekwakubizo lobuprofeti, banempembelelo kwizigidi ehlabathini ngokubanzi ngentshiseko abanayo yokuzuza imiphfumlo ngokuzisa isityhilelo sobabalo lukaThixo (i-Euaggelion).

**IGenesis 30:27**

Wathi uLabhan kuye, Ukuba kaloku ndibabalwe nguwe, hlala; ndihlabe ukuthi uYehova undisikelele ngenxa yakho.

Umntu ozayamanisa naye angakuhlenganisa neentsikelelo zakho! Kule vesi ingentla sibona uLabhan encokola noYakobi esithi, "Ndiye ndabona uYehova undisikelele ngenxa yakho!" Ngamanye amazwi, uLabhan wayesithi impumelelo yakhe yayibangelwa ziintsikelelo uThixo azinike uYakobi!

Apha ebuKrestwini namhlanje uninzi aluyiqondi intsingiselo nokubaluleka kokumkhetha ozayamanisa naye. IBhayibhile isixelela ukuba amalungisa abakhetha ngobulumko abahlobo; yiyo loo nto kubaluleke kakhulu

ukuqinisekisa ukuba ixesha ulichitha nabahambelana nobizo lwakho okanye umbono kaThixo.

Xa uzirhangqe ngabantu abangakuncedisiyo kwihambo kaKrestu, iziphumo zinganobungozi. Abahlobo bakho okanye abantu obaziyo bangaba sisizathu sezaqhwithi ezibakho rhoqo kuwe okanye bangenefuthe kwimpumelelo yakho ngoko nangoko!

ISIPROFETO

Kunamandla ukukhetha kwam endizinxulumanisa naye! Ukususela namhlanje ndithe hamba dimoni elithunyelwe ukuza kunditshabalalisa nokucima ubudlelane bam noYehova, usiza ngendizayamanise nabo. Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Imizekeliso 13:20

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: ULuka 1, KaYohane 1

**UYohane 3:16 (NIV)**

Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama unyana wakhe okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungaphakade.

Le vesi ingentla yenye yezona vesi zitizicengcelelwa kakhulu ngabazalwana! Noxa kunjalo, uninzi aluyiqondi ngokupheleleyo okuthethwa yile vesi. Xa uYesu wayethetha la mazwi wayengathethi kuthi uya kuphila naphakade nje kuphela!

Noxa oku kuyenye yezinto ozinikiweyo njengomntwana kaThixo, amazwi athi, 'ubomi obungunaphakade', xa eguqulwa athi Zoe, ubomi bukaThixo buqu! Le ndawo kanaphakade inento

yokwenza namandla akhe angaphela ndawo, inceba engapheliyo, ukwazi konke. Nantoni na ehambelana nobuthio bukaThixo ayinasiphelo, imi ngonaphakade! Ngokuya wawuzalwa ngokutsha wasulelwa ngobomi obukwanjalo emoyeni wakho!

UKrestu ukunike obubobukaThixo kanye bona ubomi; okuthetha ukuba njengomntwana wakhe, udalelwe ukuphila obomi bengqibelelo! Ukuphanza kwezinto nokusilela ezintweni akukho gazini lakho; konke okwakho kokwengqibelelo nocikizeko kwinto yonke kulo nyaka waMasi noBusi!

ISIPROFETO

Mna ndinikwe obufana nqo nobukaThixo ubomi! Ubomi bam bugcwele imimangaliso engenambaliso! Ndiphila ubomi obugqibeleleyo ngegama likaYesu Krestu!

ESINYE ISIFUNDO

KuYohane 10:28-30

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 1, ULuka 2

**Izenzo 2:38 (NIV)**

Uthe ke uPetros kubo, Guqkani nibhaptizwe nonke ngabanye egameni likaYesu Kristu, ukuze nixolelwe izono, namkele isipho soMoya oyiNgcwele.

Ubudlelane, nabuphi na, bakiwa ngokunxibelelana ngokuthetha! Ingabubudlelane phakathi kwabatshatileyo, abantwana bakho okanye ngezehizinesi, konke oko kufunisa incoko okanye ukuthetha. Nawe mntwana kaThixo, kufuneka ube liqabane noMoya oyiNgcwele

Abaninzi bathwaxwa ziimbandezelo zeli hlabathi bebodwa kuba bengazi ukuba ukho uMncedi onguMahlalekho. UMoya oyiNgcwele unobuntu, nto leyo ethetha ukuba kufuneka uthethe

naye njengomntu! Mxelele konke malunga nosuku lwakho, iingxaki zakho, impumelelo yakho; mxelele nantoni na! Ukho ukuze akuncede.

UMoya oyiNgcwele sisipho esixabisekileyo osinikwe ngesisa ngala mzuzu wawusamkela uYesu! Xa uMoya oyiNgcwele engaphakathi kuwe ngenene, akukho mandla wambi uya kuze uwafune, kuba uMniki-mandla ngokwakhe ungaphakathi kuwe! Ubudlelane obuphilileyo noMoya oyiNgcwele ngundoqo wokuphila obona bomi bumnandi nobugqibeleleyo bobuKrestu. Xa uvuka kusasa, mbulise uMoya oyiNgcwele!

ISIPROFETO

Mna noMoya oyiNgcwele singamaqabane, sibanye. Uthandaza kunye nam, nam ndincokola naye yonke imihla. Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseRoma 8:26

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 2

**KUTIMOTI II 2:3-4 (ESV)**

Wena ngoko bunyamezele ububi, njengomphumi-mkhosi olungole kaKristu Yesu. Akukho namnye uthi, ephuma umkhosi, azihijele ngemicimbi yobu bomi; ukuze amkholise lowo umnyulele ukuphuma umkhosi.

Ijoni lomkhosi ngamnye linemisebenzi elibekelwe yona, ngakumbi eliyinikwe ngulo umbizileyo. Kwangayo le ndlela, uYesu Krestu, iNkosi yethu, ukubizele kanye le mihla yokugqibela. Nangona uninzi lungeyiqondi loo nto, kona kona sisemfazweni – kambe asimfazwe engzendalo, ezoqoqosho okanye ezentlalo nemicimbi yenkcubeko, koko kuliwa ngemiphefumlo yabantu.

Le vesi ingentla ingumgaqo wokuziphatha kwabo babizelwe ukukhonza

iNkosi! Ithi ijoni elilungileyo neligqibeleleyo lelo linganaki micimbi iphandl' apha! Njengejoni likaKrestu, musa ukuzibhijela, uzigxobha-gxobhe ngemicimbi yeli hlabathi; hlala ugqalile, uthe ntsho kumsebenzi lo wobuthunywa uwunikwe nguYehova uThixo.

Nokuba ungumshumayeli, ungumnikeli ngezimali ebukumkanini okanye uncedisa enkonzweni, ubalulekile kuloo ndima uyidlalayo kwiicebo likaThixo. Kwale ukuphila ulawulwa ziimeko neenkqubo zeli hlabathi; ndaweni yoko, nika ingqalelo, ulandele umgaqo wokuziphatha emfazweni omiselweyo ukuze umkholise LOWO ukubizileyo!

ISIPROFETO

Njengejoni leNkosi uYesu Krestu, ndihamba kanye ngokomgaqo wokuziphatha kwejoni! Andilawulwa zezeli hlabathi izinto; kweli dabi lemiphefumlo, ndipha phambili, kweli lokuqala kanye ihlelo labaphumi-mkhosi! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Indumiso 144:1

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 3, UMarko 1, ULuka 3



KwabaseKorinte II 4:17
Kuba ubukhaphukhaphu bembandezelo yethu eyeyomzuzwana busisebenzela ngokuncamise kwaphela ubuqaqawuli obukhulukazi obungunaphakade...

EbuKumkanini bukaThixo, uvakalisa uvuyo loMoya oNgcwele! Ungaze nakanye uvume ukuba udakumbe; akungqinelani oko nobomi bukaThixo obubekwelwe abo bamlandelayo. Nangona kunjalo, amaKrestu amaninzi ayalwamkela ulonwabo olusekelwe kwizinto neziganeko ezenzeka phakathi kwabo.

UYesu ukusindisile kwiimbophelelo zeemvakalelo zakho. Kufuneka uphile ngaphaya kweemeko, ukhethe ukuvuyiswa luvuyo akunike lona simhla

uThixo ngoYesu Krestu. Ukusebenzisa uvuyo lukaThixo kuthetha ukuxhamla oko ukunikwe nguYehova uThixo ngexa ubuguquka usamkela uYesu!

Umgqo wasebuKumkanini uthi uzuzo oko ukubonayo. Ukuba uthi xa ujonge ngamehlo enyama ubone izinto zingeyiyo, tshintsha loo ndlela ujonge ngayo! Bona ngamehlo omoya; yijonge loo nto ngeso laLOWO ukusindisileyo kuloo nto! Bona ngaphaya kwemeko ekuyiyo namhlanje, ungaboni ngokwemeko ephenjelelwa ziimvakalelo zakho!

ISIPROFETO

Ndilusebenzisa ngokugqibeleleyo uvuyo lukaThixo! Andilawulwa yimeko. Xa kusenzeka into endingayithandiyo ebomini bam, andibi sabona ngawenyama, ndibona ngamehlo omoya!

ESINYE ISIFUNDO

EkaYakobi 1:2

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 4, ULuka 4-5

**KwabaseKolose 3:1**

Ukuba ngoko navuswa kunye noKrestu, funani izinto zaphezulu, apho akhona uRistu, ehleli ngasekunene kukaThixo.

Umdyarho wamahashe lukhuphiswano phakathi kwamahashe. Emidyarhweni, kuqhelekile ukuba amahashe afakwe iibhlinkaz ukuze angaboni emacaleni, ajonge ngqo phambili angaphazamiseki. Kwangandlela-nye, njengomntwana kaThixo, fana nenkweli yehashe, idyoki; faka iibhlinkaz, uzithintele zonke iziphazamiso, ingqondo yakho yonke ibesemdyarhweni!

Noxa egqunyiwe nje amehlo ehashe lomdyarho, iindlebe zona zingaphandle ukuze zizokuva imikhwazo yedyoki. MKrestu, ngokunjalo nawe zivalele ngaphandle iziphazamiso xa uphula-

phule uThixo ethetha kulo wakho umdyarho!

Le vesi ingentla isixelela ukuba ukuba uzelwe ngokutsha, amehlo akho ufanele ukuwaphosa ngasentla. Qwalasela kuphela kwinto akubizele yona uThixo kule mihla yokugqibela siphila kuyo ubone ukuqaqamba kobomi bakho okungaphaya kweyona ndlela wakha wayicinga!

ISIPROFETO

Andifuni ziphazamiso ebomini bam! Ndithe ntsho phambili kolu lwam ugqatso! Njengehashe loqobo lomdyarho, ndileqa ukuqhawula intombondileqa ! Impumelelo yam ayinakuphikiswa nangubani kulo nyaka woBusi naMasi! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UMateyu 6:33

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UYohane 2-4

**UYoshuwa 3:5**

Wathi uYoshuwa ebantwini, Zingcwaliseni; ngokuba ngengomso uYehova uya kwenza imisebenzi ebalulekileyo phakathi kwenu.

UYoshuwa wayekuqonda ukubaluleka kokuzigcina nyulu – ukuhlambulula ingqondo, ubomi bakho kunye neendlela zakho! Ukuba uza kulandela injongo kaThixo ebomini bakho, kufuneka ube nyulu! Abantu abaninzi bazibiza ngokuba ngamaKrestu bube ubomi babo bungahambelani noKrestu, buhambelana nobababo basehlabathini. Bubudenge ke ukuphila ubomi obunjalo ze ulindele ukuba buza kuqaqamba ngokuqaqamba.

Kule vesi ingentla sibona uYoshuwa ethetha namaSirayeli esithi, "Zingcwaliseni; ngokuba ngengomso uYehova uza kwenza imisebenzi ebalulekileyo phakathi kwenu." Khawufane ucinge nje ukuba okwakufuneka ukuze uThixo enze umgangalliso yayikukuba abantu bakhe bazingcwalise, babe nyulu!

Kuyinto eyenzekayo ke ukuba uphoswe lithuba lokuxhamla imimangaliso emininzi kaThixo ngenxa yokuba ungazigcinanga nyulu, ungazahlukanisanga nezehlabathi. Thatha isigqibo namhlanje oku sokuwahlukanisa nezasehlabathini, soze ungayiboni imimangaliso kaThixo engenakuqondwa ebomini bakho!

ISIPROFETO

Kunamandla amakhulu ukizigcina nyulu! Ngokuzahlukanisa neminqweno yehlabathi, ndamkela imimangaliso kaThixo ebomini bam! Ndiyazi ukuba ndinamandla kuBUNYULU bam!

ESINYE ISIFUNDO

UMateyu 5:8

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 8, UMarko 2

**KwabaseRoma 8:11 (NIV)**

Ukuba ke uMoya walowo wamvusayo uYesu kwabafileyo, umi ngaphakathi kwenu, yena owamvusayo uKristu kwabafileyo uya kuyenza iphile nemizimba yenu enokufa, ngaye uMoya wakhe omiyo ngaphakathi kwenu.

INkonzo inayo indlela yayo yokuziphilisa. Ukwamkelwa kwakho uYesu, wangumntwana kaThixo, wanikwa ubomi obungunaphakade, okuthetha ukuba akudingi mpiliso wena! Nasiphi isigulo okanye ubulwelwe obuzama ukuncamathela kuwe ungabuphelisa okanye ubugxotho ngokuvuselela isiphosikaThixo kuwe! IBhayibhile ithi ukuba laa Moya wayivusayo iNkosi uYesu Krestu kwabafileyo umi ngaphakathi kuwe, uya kuwuphilisa umzimba wakho onokufa.

Ngoku kunjalo, amaKrestu amaninzi nanamhla oku aphantsi kwentutshiso yezigulwana ezingephi ezinjengomkhuhlane okanye intloko. Ngoba kutheni? IBhayibhile iyasixelela ukuba abantu bakaThixo bayatshabalala ngenxa yokuswela ukwazi! Xa ke xa amaKrestu esaphathwa zizifo, kungenxa yokuba engatyalanga xesha laneleyo ekufundeni ngamandla anawo.

Wakuqalisa ukulifundisa iLizwi likaThixo, kuya kuthi qwenge kuwe, ububone obona bomi abubekele abantwana bakhe uThixo. Musa ukuvuma ukubotshelwa ngamatsheyina ezigulo nezifo; ndaweni yoko, qiniseka ngamandla okuziphilisa owanikwe nguThixo.

ISIPROFETO

UThixo undinikile zonke izixhobo zokuzinyanga nokuziphilisa, zilapha kum ngoku. Imi apha kum ngaphakathi indlela eyodwa yokuzinyanga. Soze ndiphinde ndigule! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

EYOKUQALA KAPETROSI 2:14

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UYohane 5



ULuka 4:4 (KJV)

UYesu wamphendula esithi, Kubhaliwe kwathiwa, Akungasonka sodwa aya kuphila umntu; kungamazwi onke kaThixo.

Le vesi ingentla isibonisa impendulo yeNkosi uYesu xa yayilingwa ngu-Sathana, ikwasinika ukuqonda okugqibeleleyo kwindlela esingalisebenzisa ngayo ilizwi likaThixo ebomini bethu. Xa ethi umntu akanakuphila ngasonka sodwa kodwa angaphila ngamazwi onke aphuma emlonyeni kaYehova, wayengathethi ngelogos, koko wayethetha ngerhema!

Illogos lilizwi likaThixo eliquka iingcinga zakhe, izicwangciso neeplani zakhe, injongo, ubume bakhe nobuThixo obu bakhe, ukanti i-rhema lilizwi eliphuma

emlonyeni kaThixo lisiya emntwini othile ngenjongo ethile, ngexesha elithile! I-rhema inamandla okukwakha Kanye ngexesha iyidinga ngalo. Yiyo loo nto isiprofeto sibaluleke kakhulu. Lakuthi ngqo kuwe ilizwi likaThixo, liyakusikelela ngoba sukube liyile nto ubunxanelwe yona ngaloo mzuzu.

Umzekelo, mhlawumbi uva ubunzima ebomini bakho, suka ungalindelanga uve ilizwi elivela kuThixo lisithi, "Niyabona, mna ndinani yonke imihla." Le vesi yabhalwa kudala kakhulu kodwa ifika ibe yirhema, ibe ngathi ibibhalelwe wena xa uMoya oNgcwele eyiphakamisa kuwe ube ukuloo meko ukuyo!

ISIPROFETO

Ekucamngceni kwam ngeLizwi likaThixo, uMoya wakhe undinika ilizwi elingqamene nale meko yam. IRhema yakha ubomi bam! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KuTimoti II 3:16

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMatheyu 12, UMarko 3, ULuka 6

**KumaHebhere 11:1**

Ukholo ke kukukholosa ngezinto ezith-enjiweyo; kukweyiseka bubukho bezinto ezingabonwayo.

Ukholo xa silichaza singathi yingxoxo-mpikiswano phakathi kwakho nomtyholi; le nto ithethwa nguKumkani wezikumkani ngawe nangemeko yakho nale ithethwa ngumtyholi! Uloyiso kule ngxoxo-mpikiswano luxhomekeke kuphela ekwazini kwakho iLizwi likaThixo. IBhayibhile ithi ukholo lubakho ngokuva udaba, oluziindaba ezilungileyo, udaba lukho ngelizwi likaThixo, okuthetha ukuthi ukholo luza ngokuva. Usiva njani? Ngokufunda iLizwi likaThixo! Ukuba ujongene nemeko ethile kwaye ukholo lwakho lusezantsi, yiya elizwini, lilo iyeza lakho!

Wayeke amazwi eBhayibhile azibhabhele abe likhaka nokhuselo lwakho kubuxoki botshaba! Akuthi kuwe umtyholi ulityutyusi leathalala, phendula uthi, "UYehova ungamandla am nekhaka lam; ndimthemba ngentliziyo yam yonke, Uye wandinceda waza wayivuyisa intliziyo yam!" Akuthi umtyholi uyagula, musa ukuthula, thetha uthi, "UTHixo yakwenzeelelela konke ukuswela kwam!"

ILizwi likaThixo lisebenza njengesiseko sokholo lwethu. Funda ukulisebenzisa njengomthombo wokhuselo xa utshaba luhlasela. Xa uxhobe wafohlala ngeyona ngxam yokhola, akukho namnye unokukwenza nto!

ISIPROFETO

Ukholo lwam lwenza izinto ezibonakalayo ngezinto ezingabonwayo! Lakusetyenziswa ngokufanelekileyo iLizwi likaThixo lingumkhuseli xa utshaba luhlasela. Ndimi kukhola lwam andigungqi! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseRoma 10:17

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 5-7

**KaPetros II 1:10**

Endithi ngoku, bazalwana, makube kukhona nikhuthalele ukulwenza luqine ubizo nonyulo lwenu; kuba, nakuzenza ezo zinto, anisayi kukha nikhubeke.

Ikhona into ethi amangcwaba la ayindawo equlethe amathemba nama-phupha angazalisekanga—indawo yokugqibela ekulele kuyo abalawuli nabahathi beenkampani, iimvumi, amagcisa nabanye abaninzi abazipho, izimvo neengcinga zabo zingakhange zifezeke. Enjani ukungabi mnandi nenxunguphalisayo yona inyaniso!

Abaninzi baye baphila ngaphandle kokulusebenzisa ngokupheleleyo ubizo lukaThixo ebomini babo! Ukanti, ivesi le ingentla ithi kufuneka ukukhuthalele ukulwenza luqine ubizo lwakho, wena

ungokhethiweyo! Igama elithi ukukhuthala lithetha 'ukuhlala usenza umgudu wokuphumeza nokufeza okuthile; ukunika ingqalelo nokuzingisa ekwenzeni into.' Ukuba ubiziwe okunene nguThixo, kufuneka wenze imigudu, uthatha ingqalelo, ukuqinisekisa imfezeko yobizo lwakho!

AmaKrestu amaninzi enza impazamo yokucinga ukuba ukuzalwa kwawo ngokutsha, yinto yokuqala neyogqibela efunwa nguThixo kubo. Asiyonyaniso tu inyaniso leyo! Ukuba bekunjalo, uPawulosi ngewayengathanga kumfundisi owayesemtsha (uArchippus) makaqinisekise ukuba luyafezeka ubizo lwakhe kuThixo! Namhlanje, thatha isigqibo sokulandela akubizele kona uThixo, usenza imigudu kangangoko, unganiki sizathu siza kuchasana nofezo lobizo lwakho!

ISIPROFETO

Ndiyakwamkela ukuba ngumkhonzi kaThixo ngokupheleleyo!! Ndifezekisa ubizo lwam! Ngamandla kaMoya oyiNgcwele, inyathelo ngalinye endilithathayo lanezisa injongo kaThixo ebomini bam!

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseKolose 4:17

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 9, ULuka 7



KwabaseFilipi 4:6 (AMP)

Ningaxhaleli nto; mazithi iingcelo zenu ezintweni zonke [kwiimeko zonke], ngako ukuthandaza nokukhunga, ndawonye nokubulela, zaziswe (njalo) kuye uThixo.

UYesu usiqinisekisile ukuba siyoyisa kuzo zonke iimeko! Ukutyhwatyhwa nexhala, zizinto ezingafanelanga kubalwa kumaKrestu! IBhayibhile iyasixelela ukuba uThixo akasinikanga moya wabugwala, usinike owamandla, nowotheno, nowengqondo ephilileyo! Oku kuthetha ukuba ukoyika sisipho; umniki weso sipho ke ngumtyholi ngokwakhe!

Iintetho ezinjengokuthi "Ndiyoyika" mazingakuqheli ngoba asizokaThixo, zezikamtyholi! Njengomntwana kaThixo wena, ukuzithemba kwakho mabusele kulwazi lwakho lwaLowo uhlala ngaphakathi kuwe.

Wakuziva unoloyiko okanye uphakuzela, khumbula amazwi oMpostile uYohane athi, "Nina ningabakaThixo, bantwanana, nibeyisile bona!" Idabi ngalinye ojongana nalo, yazi ukuba uThixo ukunikile izixhobo zokulilwa woyise! Musa ukuluvumela uloyiko, ixhala noxinzelelo. Them-bela eNkosini yona esele iliphumelele idabi elo lakho!

ISIPROFETO

NdingokaThixo mna; andinaxhala lanto! Ithemba lam liseNkosini! Naluphi na utshaba olucinga ukuba lundilwa luphumelele, maluchithe lutyiwe, alunakuze! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KaYohane I 4:4

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 11



UYohane 14:13 (KJV)

Nento enithe nayicela egameni lam, ndoyenza yona, ukuze uYise azukiswe ngoNyana.

Akukho nanye into oyicelayo kuThixo angenakuyenza! Umnqweno nentando kaThixo kukuba uphumelele ebomini; kambe, ukuthanda kwakhe ukuba ube sisityebi akuthethi kuthi usiso isityebi – OKWANGOKU! Kufuneka wenze ngokwelizwi likaThixo ukuze intando yakhe ibonakale ebomini bakho!

Kule vesi ingentla, iNkosi uYesu ithi ukuba ucela into egameni layo, iya kuyenza. Ukuthi 'into' kuthetha ukuba uyibiza ngegama into leyo uyicelayo. Ukuyithetha gca into kuza nesi siphumo kanye usinqwenelayo! IBhayibhile iyayiqinisekisa loo nto kwincwadi ka-

Mateyu xa isithi, yithi 'kule ntaba, funquka...' ezo zinto ziya kwenzeka. Igama elithi 'kule' libonisa ukubaluleka kokuyibeka ngobunjalo bayo nokungqala xa unika umyalelo!

Qiniseka ngamandla uThixo awabeke ngaphakathi kuwe!Xa ucela izinto kuba ucinga ukuba zizo kuphela nokukwenzela zona, uyamlinganisela uThixo. Musa ukuyenza loo nto! Cela into ezingaphaya kokuqonda kwakho, ubukele uThixi ezithulula ngokwale ndlela umkholelwa ngayo!

ISIPROFETO

Xa ndicela ngegama likaYesu, ndiyibiza ngegama into ! Ndiyamazi owam uThixo undenzelelele ng ukugqitha amaphu-pha am! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UMateyu 17:20

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: ULuka 11

**KwabaseTesalonika I 5:16-18**

Hlalani nivuya. Thandazani ningayeki. Ezintweni zonke bulelani; kuba oko kukuthanda kukaThixo kuKrestu Yesu ngani.

Umthandazo kukwakheka kwakho. Xa ungathandazi ufana ngathi uya edabini, ujolise kutshaba kodwa akunazimbumbulu! Xa uphila ubomi obuphakamileyo bomthandazo, unesixhobo sokulwa nazo zonke iintolo zikasathana!

EBhayibhileni sibona imizekelo emininzi ekhombisa ukubaluleka komthandazo; omnye waloo mizekelo yiNkosi uYesu ngokwayo! Kuzo zonke iincwadi ze-Gospile sihlala siyibona iNkosi ithandaza phambi nasemva kokwenza kwayo imimangaliso emikhulu, omnye wayo ongenakuze ugqithwe nto ikukuthathe-

la kuyo izono zethu emnqamlezweni, ukuxolelwa bonke ubugwenxa bethu nokoyisa ingcwaba!

Ngaphandle koku, ebandleni likaKrestu namhlanje, abanye sebeqhele ukuwuthatha lula umthandazo, bathandaze kuphela phambi kokutya okanye kokulala, aze kodwa umntu alindele iziphumo ezinjengezoomama namadoda kaThixo aseminyakeni yangaphambili.

Abantu abafana noMpostile uPawulosi babethenga ngengqiniseko xa babethetha ngobomi bomthandazo esimva ethetha ngabo kumaKorinte xa athi, "Ndiyabulela kuThixo wam kuba ndithetha ngalwimi zimbi ngaphezu kwenu nonke!" Xa unokuwaqonda amandla omthandazo, akunakunqandwa nto!

ISIPROFETO

Ndidubula utshaba ngamandla emithandazo yam! Ngonxibelelwano lwam notata wam, ndizuza amandla! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseKorinte I 14:18

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 13, ULuka 8



lindumiso 119:105 (KJV)

Lisisibane seenyawo zam ilizwi lakho, Likukukhanya emendweni wam.

UnguMkrestu, ukuba uhleli ebumnyameni kodwa ucinga ukuba uhleli ekukhanyeni, inene usengozini! Ihlabathi likhuthaza iintetho ezifana nezithi 'philela wena' okanye 'sukutshintsha ngenxa yomnye umntu' okanye 'zithembe kule ndlela okanye kule nto uyiyoy,' kodwa iLizwi likaThixo lithi masizabalazele ufezeko nogqibelelo sifane noKrestu owayegqibelele!

Isizathu sokuba ube usatsala nzima yimimoya yobumnyama ube ungumntwana kaThixo silula: iBhayibhile ithi ukungena kwelizwi lakhe kunika ukukhanya, oko kuthetha ukuba ukuba akuzifundi rhoqo izibhalo, uvulela

ubumnyama ebomini bakho!

Kule vesi ingentla, iLizwi likaThixo lichazwa njengesibane ezinyaweni zethu. Oku kuthetha ukuba wakuhlanguka neenkathazo, kukhangeleka ngathi ubumnyama buthe zinz, bukho macala onke, sebenzisa iLizwi ukukukhokela kobo buphithiphithi ujongene nabo, ugxothe ubumnyama bumke kuwe! Lisebenzise njengesibane kulo lonke uhlaselo lwemimoya yobumnyama namhlanje.

ISIPROFETO

Ndiyayazi indlela yokulwa nalo nolunjani udidi lomoya wobumnyama. ILizwi likaThixo lisisibane ezinyaweni zam, lindikhokela kuyo yonke imizamo yam. Ukukhanya kwelizwi kum kunjengesibane sestediya, kugxotha bonke ubumnyama obundijikelezileyo! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KaYohane II 1:7

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMarko 4-5

**IGenesis 13:14-15**

Wathi uYehova kuAbram, emveni kokuba uLote ahlukane naye, Khawuphakamise amehlo akho, uku-
loo ndawo ukuyo, ubhekise entla, na-
sezantsi, nasempumalanga, nasentsh-
onalanga; kuba lonke ilizwe olibonayo
ndiya kukunikka wena, nembewu yak-
ho kude kuse ephakadeni

Ngamanye amaxesha uye ungaku-
va ukuthetha kukaThixo kuba awukhe
uhlale wedwa! Ininzi into esisiphazami-
so kule mihla, ebekelwe nje ukususa in-
dlebe yakho emazwini kaBawo!

Le vesi ingentla isifundisa ukuba pham-
bi kokuba ufumane isityhilelo uba nexe-
sha uwedwa! Akumangaliswa na xa
usiva ukuba uAbraham (uAbram) aka-
zange asifumane isityhilelo sikaThixo de

wabe ukhe wanexesha eyedwa noThixo! Mhlawumbi likhe libe kho
ithuba uwedwa kodwa ungaqondi ukuba kufuneka loo nto kanye
ukuze uzokumva uKrestu, ivuke ingxoxo phakathi kwenu nobabini!

IBhayibhile isibonisa ukuba neNkosi uYesu Krestu ngokwakhe wayehlala eziba, eba yedwa noBawo. UMateyu usibalisela athi uYesu wazigxotha izihlewele, wanyuka intaba ukuze abe nexesha yedwa noBawo. Kwanjengaye ke nawe beka ixesha ukhe ube wedwa noBawo, uvalele ingxolo ngaphandle, ingqondo yonke yakho uyijongise emazwini kaThixo!

ISIPROFETO

Ndiza kuqhela ukuzithi cebu kwabanye ndibe ndedwa kuba . kuba kubalulekile oko ukuze ndibe nezityhilelo. Xa ndindedwa, ndinethuba elihle lokuliva ngokucacileyo ilizwi likaThixo nezityhilelo andinika zona.

ESINYE ISIFUNDO

UMateyu 14:23

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 10



KuYohanel 3:1 (NIV)

Bonani uthando olungaka asenzele lona uYise, olo lokuba sibizwe ngokuba singabantwana bakaThixo. (Okwenene singabo thina!) Ngenxa yoko ihlabathi alisazi thina, ngokuba lingamazanga yena.

IBhayibhile iyasibonisa ukuba uthando aluphi nje kuphela kodwa nalo luyamkela. Inyaniso engenakuguqulwa nangubani yothando lukaThixo yeyokuba wakunika umntwana wakhe, oyinto yonke! IBhayibhile isixelela ukuba unwele nonwele ezintlokweni zethu uThixo uyalwazi, ulubalile, lunekhowudi yalo, nto leyo ebonisa indlela abuxabise ngayo ubomi bethu!

Okunene uThixo usithe jize ngothando lwakhe, siyokoyoko! Ukuthiwa 'jize'

kuthetha ukuphiwa ngokugenamlinganiselo nokugqitha ukuqonda. Siyayokozela, siyaphuphuma! Imbonakalo yothando ikuwe ngaphakathi kwaye unamandla okulwamkela nokulunika uthando. Yiloo nto kubalulekile ukuba ulubonakalise uthando lukaThixo ebomini bakho!

Xa uzazi ukuba ungubani kwaye ungokabani, akukho mhlaba wansilelo ebomini bakho! Qalisa ngoku ukuphila ngokuziqonda ukuba akuxatyiswanga nje kuphela nguThixo koko uthandwa kakhulu nguye!

ISIPROFETO

Uthando lukaThixo olungenakuguqulwa bani lubonakala kwinto yonke andenzele naseza kundenzela yona kulo nyaka waMasi noBusi! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Iindumiso 17:18

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMatyeu 14, UMarko 6, ULuka 9

**EkaYakobi 2:26 (KJV)**

Kuba, kwanjengokuba umzimba, ungekho umoya, ufile, ngokunjalo ukholo, ingekho imisebenzi, lufile nalo.

Namhlanje amabandleni kukho isifo esinwenwayo esikungalenzi iLizwi likaThixo! Noxa nje ukuzazi ngentloko iivesi nokuthandaza iiyure ezininzi kubalulekile, ukulithetha nokuhamba ngalo iLizwi likaThixo kungundoqo ukuze siphile ubomi ngale ndlela uThixo afuna siphile ngayo. IBhayibhile ayisosiseko nje sendlela yokuziphatha nokuphila ngobulungnisa kodwa ikwangumqulu wemiyalelo uMKresu ngamnye afanele ukuyithobela.

Kule vesi ingentla, uMpostile uYakobi uthetha into apha enzulu: ukholo ingekho imisebenzi, lufile. Uninzi ku-

maKrestu luyamangaliswa kukuba lungonwabanga okanye ubomi balo lungenamdlala kodwa aqho ngeCawa asenkonzweni, athandaza imini nobusuku, engaphoswa naziiprogramu zenkonzo.

Ilula le nto. Imeko nganye ojongana nayo ungumntwana kaThixo ingqamene ngqo nokuba uyalenza na iLizwi likaThixo okanye hayi! UThixo akasinikanga nje ukukwazi ukulikhumbula iLizwi lakhe elingcwele kodwa namandla okulenza usinikile! Yaziz namhlanje ukuba luxanduva lwakho ukusebenzisa nokwenza iLizwi likaThixo kuzo zonke iinkalo zobomi bakho!

ISIPROFETO

Ukususela ngoku iLizwi likaThixo liza kwenza umsebenzi walo ebomini bam bonke! AndingoMkrestu nje ngenxa yolwazi endinalo, ndinguye ngenxa ngamandla ache endiwabonakali-sayo. Kulo unyaka, iziphumo ziyabonakala iziqhamo!

ESINYE ISIFUNDO

UHabhakuki 2:4

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UYohane 6



Kwabase-Efese 4:32 (AMP)

Ke nina yibani nobubele omnye komnye, nibe nemfesane kakhulu [niva-kalelwe, nibalungiselele abanye], nixolelane [ngokukhawuleza nangokukhululekileyo], njengokuba naye uThixo wanixolelayo ekuKristu.

Njengoonyana neentombi zikaKrestu ovukileyo, sixolelwe naphakade zonke izikreko zethu. Ngoku sesisiva, amaKrestu amaninzi asacinga ukuba uxolelo yinto esetyenzelwayo akasosipho asinikwe simahla! IBhayibhile isixelela ukuba wahlanjwa ezonweni ngalaa mzuzu wamkela uKrestu. Ngoko, ngokungaxoleli, uphila ubomi obuchasene noko athi uThixo ubomi bobuKrestu bufanele ukuba kuko, uvumela ubukrakra bukudle.

EBhayibhileni zininzi izihlandlo esiboniswa kuzo amandla okuxolela. Khumbula ngeliya xesha iNkosi uYesu Krestu yayitshutshiswa, ithuthunjelwa, yabajonga abo babefuna ukuyenzakalisa yabathandazela isithi, "Bawo, baxolele!" Nathi njengabantwana bakaThixo, kufuneka senze njalo: singaxoleli nje kuphela abo balwayo nathi, sibathandazele nokubathandazela.

Le vesi ingentla isixelela ukuba masilibazisi ukuxolela, njengokuba uThixo enze njalo kuthi! Namhlanje, ukuba kukho bani umxhibileyo, bonisa uthando lukaThixo onalo ngokumxolela!

ISIPROFETO

Andisayi kugcina bukrakra emphefumlweni wam okanye ndizonde mntu! Njengokuba uKrestu wandixolelayo, nam ndiza kwenjenjalo kwabanye. Ndazuza uxolelo ndingalusebenzelanga! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseKolose 3:13

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 15, UMarko 7



Ulsaya 54:14 (KJV)

Uya kuzinza ngobulungisa; ungakhe uxhale, ngokuba akuyi kuba nakoyika; ungakhe uqhiphuke umbilini, ngokuba akuyi kusondela kuwe.

Amaxesha obuphithiphithi ayafika ezokuvavanya uxolo nenzolo evela kuThixo! Njengokuba ihlabathi lison-dela esiphelweni salo, usathana uza- ma ukuphazamisana novuyo noxolo alubeke emntwaneni wakhe ngamnye uThixo. Noxa ehlasela nje, hlala wena uqinile, uzinzile ebulungiseni.

Noxa kungekho xolo nakuzola ehla- bathini, iNkosi yethu uYesu Krestu isinika uxolo olungagungqiyo ngamaxesha entswelo-luzinzo neziphithiphithi. ILizwi likaThixo licacile: akukho nasinye isix- hobo kwezakha zakhandelwa wena

esinokuze sikwenze nto! Wakufikelela ekuyiqondeni into uThixo akubi- zele ukuba yiyo, naliphi icebo lotshaba, nditsho naliphi, liya kusuka live phantsi bhuma!

Funda ukuyithemba iNkosi kuba sele yaliphumelela idabi lakho! Musa ukuvuma ukuba ixhala, uloyiko, umvandedwa, uxinzelelo, okanye am- athandabuzo akushukumise ungazoli, ungabi naxolo! Isiseko sakho yiNkosi yethu uYesu Krestu; akunakugungqiswa nto!

ISIPROFETO

Andigungqi xa kufika isiphithiphithi ngoba isiseko sam nguYe- su Krestu iNkosi. Kulo nyaka waMasi noBusi, lingagqekreza ku- lenyeze nemibane, mna ndohlala ndimi eluxolweni lweKum- kani yezikumkani! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UYohane 14:27

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 16, UMarko 8



KwabaseKorinte II 4:16 (KJV)
Kungoko singethi mandla; kuba nokuba umntu wethu wangaphandle uya esonakala, usuka yena owangaphakathi aye ehlaziyeka imihla ngemihla.

Ngokwezasezulwini, ngokuya ukhula ngeminyaka yobudala, ngokwasemoyeni uya usiba mtsha! Nokuba imizimba le yethu iphela, umoya wethu wona unobutsh! Yiyo loo nto ukuzila ukudla kuyitekhnoloji ngokwasemoyeni. Xa uzila ukudla, uyawucinezela umzimba lo wakho, uthi ungatshabalala ngaphandle ngelixa usomelezwa kodwa ngaphakathi umoya wakho!

Iprofesa ethile ephume izandla yakha yenza uphando ikhangela indlela yokunqanda ukuguga okanye ukwaluphala. Kolu phando, yafumanisa ukuba onke amajoni emfuza, ii-genes, okwenza umntu abe mncinci (mtsha)

akhona kodwa ahleli nje, zange asebenze! Emva kovavanyo oluthathe ixesha, yafumanisa ukuba xa zinokuba phantsi koxinzelelo zingasebenza—asithethi ngoxinzelelo lomphfumlo, amaxhala nokudinwa kwengqondo, sithetha ukunyanzela umzimba ngandlela thile!

EBhayibhileni, sibona abantu abanjengoMoses, ekwade ubutsha babo ngokwasemoyeni baphumela ngaphandle! UMoses uthe noxa selesekwaluphaleni, abe amehlo esabona ngathi ngawetyendyana lomfana. MKrestu, sebenzisa izixhobo zakho ezinjengokuzila ukudla ukuze uvuselele umoya wakho. Uya kubona ukuba xa uzisebenzisa ezi thekhnoloji zikaThixo, azingeke zichasele, zisabe na kuwe izifo zonke, ungeva nokudinwa!

ISIPROFETO

Umoya wam mtsha, ukhaphukhaphu, uzele amandla! Ndiyawutyhala umzimba wam, ngaloo ndlela ndomelezeke ngaphakathi! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

IDuteronomi 34:7

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 17, UMarko 9

**Indumiso 50:10 (KJV)**

Ngokuba zezam zonke iinyamakazi zehlathi, Neenkomo ezisezintabeni eziliwaka.

Inkosi yethu uYesu Krestu ngoyena mntu umangalisayo owakha wakho kweli hlabathi! Usinike iingcinga namacebo afanelekileyo okwenza iinguqu ezifanelekileyo nezilungileyo ehlabathini ngokhlobo awenza ngayo naye. Usinceda ukuba siyazi indlela yempumelelo sikwazi nokuhamba indlela siphinyela kwiimeko esizifumana sikuzo!

Kwale ukuzibona ungento yanto okanye unganeno kunokuba ufanele. Qalisa ngoku, uvuthulule uyeke ukuphila ubomi besiqhelo ngoba akumngomntu nje uqhelekileyo wena. UThixo ukwenze wangumntu ophumelelayo;

intswelo nentlupheko azikho egazini lakho.

IBhayibhile iyasixelela ukuba uBawo wethu uneenkomo ezintabeni eziliwaka! Ingathi yintlupheko leyo kuwe? Asiyiyo kakade! Ngolu hlobo asisityebi ngalo utata wakho, uThixo, ubabekele izinto zonke abamlandelayo. Akukhathiseki nokuba ibhanki yakho ibomvui namaqanda, ooziro okanye othunywe yinkundla uzokukusayinisa amaphepha amatyala, thetha amazwi kuloo meko. Usisityebi esikuKrestu; uza kakuhle, buyatyhilwa ubutyebi bakho!

ISIPROFETO

Intlupheko sisiqalekiso. `Andifuni nokuva ngayo! Mna ndisicaka sikaThixo ongaswele nto; uThixo undinike ingqondo eyakhelwe impumelelo. Nakanye, soze ndahlulwe nto. Intlupheko ayisosabelo sam! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

EkaYohane II 1:2

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 18



Izikronike I 22:5 (NIV)

Wathi uDavide, "Unyana wam uSolomon usemncinci ibe akanamava, yaye indlu emele yakhelwe uYehova imele ibalasele kakhulu ukuze udu-mo lwayo nobuhle bayo baziwe kuwo onke amazwe. Ngoko, ndiza kumlungiselela." UDavide wamlungiselela izinto ezininzi zokwakha ngaphambi kokuba afe.

Kukho into endihlala ndiyithetha kwabo bandiphulaphulayo ethi, "Ithuba lingqamana namalungiselelo." Enjani yona ukuchaneka intetho! UnguMKrestu, kubalulekile ukuba zithi zifika iintsikelelo zikaYehova ube uzilungiselele! Apha ekuphileni kuqhelekile ukuva intetho ethi 'hlala ethembeni, ulungiselele okubi' nethi, 'lungiselela eyona meko imbi kakhulu'; umntwana kaThixo akufuneki awamkele iintetho ezinje!

Ngabangonqeniyo ukulima ngamaxsha exhaphake ngawo imvula abaya kuba noovimba abazele kukutya xa kufike imbalela. INkosi yethu uYesu Krestu yandulelwa ngabathile, ababelungiselela indlela yayo ukuze ifike ibe neyona mpembelelo nefuthe elivakalayo ngexsha layo.

Xa uwenzile amalungiselelo nezicwangciso ezifanalekileyo, akukho nto akubizele yona uThixo ungayi kuyifeza! Qala ngoku ukulungiselela umtshato wakho, ibandla lakho, elaa shishini ufuna ukulivula, njalonjalo. Zuzababalo lokuba uyazi kanye into ekufuneka uyilungisile ukuze uwuxhamle ngokupheleleyo lo nyaka waMasi noBusi!

ISIPROFETO

Ndihlala ndikulungiselele okona kulungileyo nokugqibeleleyo! Kulo nyaka, konke kuza kwenzeka ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Imizekeliso 24:27

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UYohane 7-8

**UYoshuwa 23:14 (NIV)**

Namhla ndihamba ngendlela yoluntu lonke. Niyazi ngentliziyo yenu yonke, nangomphefumlo wenu wonke, ukuba akuwanga phantsi nalinye ilizwi emazwini onke alungileyo, abewathethile uYEHOVA uThixo wenu ngani; onke enzekile kuni; akuwanga phantsi nalinye ilizwi kuwo.

Yonke into abethembise yona uYehova abalandeli bakhe sele ifezekile. Ngaphandle koku, amaKrestu amaninzi asagula, awanamali okanye ajamelene neengxaki. Yintoni isizathu? Kungokuba abaninzi abakahambi ngokweLizwi likaThixo.

SingamaKrestu, kungumsebenzi wethu ukuphila ngokuphuhlisa izithembiso zeNkosi. Xa sisala ukulisebenzisa nokuli-

hlonela ilizwi likaThixo, iBhayibhile iba ngoonobumba nje kwiziqwenga zesikhumba ezibhalwe kuso!

Masifunde ukukholelwa kwizithembiso zikaThixo azithethileyo kwiZwi lakhe ngeenkalo zonke zobomi bethu. Xa uhamba kule nyaniso, ixhala alinakukuphatha! Izinto ezinjengobutyebi, impilo entle nempumelelo ngeenxa zonke ayizozithembiso nje koko zizithembiso esele zizalisekisiwe! Kwihambo yakho yonke hlala usazi ukuba zonke izinto zenzelwe wena!

ISIPROFETO

Every promise from the Lord is already fulfilled in my life! ToSonke isithembiso esivela eNkosini sele sizalisekile ebomini bam! Namhlanje ndihamba enyanisweni yezithembiso zikaThixo kwaye busekeleleke nkalo zonke bonke ubomi bam!

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseKorinte II 1:20

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanahlanje: UYohane 9-10

**Iindumiso 30:11-12 (NLT)**

Ukuzila kwam ukutshintshe kwaba kukudanisa. Ulikhulule ilaphu lokwenza ingxowa ebendilinxibile, waza wandinxibisa uvuyo, Ukuze ndikudumise ngengoma, ndingathuli. Owu Yehova Thixo wam, ndiza kukudumisa ngonaphakade.

Kukho hlobo luthile lombhiyozo oluvelisa iziphumo! Iingxaki ezininzi ajamelene nazo amaKrestu namhlanje zinokoyiswa ngamandla endumiso nemibhiyozo. IBhayibhile iyasixelela ukuba uThixo uhlala ezindumisweni zabantu bakhe, nto leyo ethetha ukuba naphina apho kukho umbhiyozo ongcwele, ukho naye uThixo. Njengomntwana kaThixo, kubalulekile ukuba unganquli nje ngokubhiyozwa kodwa nangomoya nangenyaniso.

Xa sisithi 'okuyinzuzo' sithetha ngokuba kudala okanye kuvelisa into.

Esi sifundo sisibonisa izihlandlo ngezihlandlo apho amandla kaThixo asebenzayo xa kubhiyozwa. Omnye wemizekelo ngowangokuya uPawulosi noSilas babevalelwe entolongweni. Bephakathi esiseleni, bakhumbula ukuba ukubhiyozwa kunamandla. Besavuma iingoma bedumisa uThixo, zashukuma iziseko zentolongo, akhululeka amatsheyina ababebotshelwe ngawo. Kwangokunjalo, uThixo ukho xa unqula, udumisa, ukulungele ukukhululeka emakhamadeleni abophe ubomi bakho ebukhobokeni. Dumisa iNkosi, ubhiyozwe namhlanje kuba oko kunamandla!

ISIPROFETO

UThixo uhlala ekho kwiindumiso zam! Ndiwaqaphele amandla ekubhiyozeni noba kukho iingxaki. Kulo nyaka ndiza kubhiyozwa ngaphezu kwendlela endakha ndabhiyozwa ngayo ngaphambili! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Iindumiso 22:3

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: ULuka 10



IGenesis 1:28 (KJV)

Wabasikelela uThixo, wathi kubo uThixo, Qhamani, nande, niwuzalise umhlaba niweyise; nibe nobukhosi ezintlanzini zolwandle, nasezintakeni zezulu, nasezintweni zonke eziphilileyo ezinambuzelayo emhlabeni.

Qhamani nande! Ngelixa abantu abaninzi benokusibona esi sibhalo ngokubhekisele kuAdam noEva, esi sicatshulwa singasetyenziswa kuzo zonke iinkalo zokuphila zobuKrestu! UThixo sele usinikile umyalelo wokuba siphile ubomi obuvelisa iziqhamo, intabalala yona!

Nangona uThixo ekunqwenelela abantwana bakhe oku, amaKrestu amaninzi akaphili bomi bampumelelo nobutyebi kuba abakayifundi imfihlelo

yempumelelo. Imfihlelo kukuba uThixo sele ekunike zonke izinto eziphatshelene nobomi nokuhlonela uThixo, kuquka impumelelo!

IBhayibhile ithi unikwe ubukhosi kuzo zonke izinto eziphilayo kulo mhlababa! Oku kuthetha ukuba akukho mntu emhlabeni unamandla okuphazamisa oko uThixo sele ekubekele kona. Hamba ngengqiniseko ngathi unezipringi ezinyaweni, usazi nje ukuba unengqondo efana nekaKrestu, kungekho bhizinesi okanye ndawo unokwahluleka kuyo. UThixo ukunikile imfihlelo yokuphumelela!

ISIPROFETO

Mna ndinayo imfihlo eyenza impumelelo! UThixo ubenzele zonke izinto abakholwayo kuye. Andiyi kuswela nto ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KaPetros II 1:3

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: ULuka 12-13



KwabaseKorinte I 14:10 (KJV)
Nokuba zingaba sezingakanani na ukuba zininzi kwazo iintlobo zeentetho ehlabathini, akukho nalunye kuzo olungenanto luthetha yona.

Amazwi owathethayo angalakha okanye alichithe Ikamva lakho! IBhayibhile ithi akukho nalinye igama elingenantsingiselo, ukanti amaKrestu amaninzi uwafumana qho ethetha izinto angaqondiyo ukuba ziyawenzakalisa!

Ngokwakwamoya, akukhathaliseki nokuba injongo ithini, ithoni othetha ngayo injani, igama ngalinye olithethayo linentsingiselo yalo. Amazwi anamandla kangangokuba usindiso lwakho luqiniswa kuphela xa uvuma ngomlomo wakho! Xa ukongene neengxaki ebomini bakho, zibuze, "An-

jani phofu amagama endiwathethayo."

Abaninzi bacinga ukuba iintethwana ezinjengezithi "iinyawo zam ziyandibulala " okanye "nanku lo sathana", esitsho umntu ebhekisa emntwaneni wakhe engena endlwini aziyongozi kanti ziyiyo! Uzungothuki xa uqalisa ukuqaqanjelwa ziinyawo okanye umntwana wakho esenza imihlola ekhayeni nasesikolweni kuba kuzaliseka laa mazwi wawathethayo emoyeni! Funda ukubeka iprimiyamu emazwini akho; thulula, ukhulule kuphela izinto ezihambelana nelizwi elingasozwe liwe phantsi likaThixo.

ISIPROFETO

Andithethi noba yintoni ngomlomo wam. Ndiyakuqonda ukubaluleka kwamagama endiwathethayo. Ukususela ngoku ndiza kuthetha kuphela amazwi awakhayo kunachithayo. Ndibeka iprimiyamu kwintetho yam! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Imizekeliso 16:24

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: ULuka 14-15

**ULuka 15:7 (KJV)**

Ndithi kuni, nol say unto you, that likewise joy shall be in heaven over one sinner that repenteth, more than over ninety and nine just persons, which need no repentance.

Ndithi kuni, ngokukwanjalo kuya kubakho uvuyo amazulwini ngomoni eba mnye oguqkayo, kunamashumi asithoba anesithoba amalungisa, angaswele nguqoko.

Wonke ubani, ukususela kubefundisi abakhulu ukuya kwelona lungu litsha ebandleni, ubizelwe ukuzuza imiphefumlo! Kule mihla yokugqibela noxa kukho iziphithiphithi neziphazamiso zonke ezibekwe ngumtyholi ukuthintela abantwana bakaThixo bangaguquki bashiye izono babuyele ezandleni zikaBawo, kusentliziyweni kaThixo ukubabuyisela kuye abo babemgatya, bemchasiwe ngaphambili IBhayibhile isixelela ukuba isivuno silungile; into ithi ngoku phuma uye kukhangela imiphefumlo kunjalonje UZA KUPHUMELELA!

Iyamangalisa into yokuba bathi abantu abayazi into uThixo ababizele yona. IBhayibhile icacile: nokuba usisityebi okanye ulihlwempu, ungumshumayeli okanye uklina isikolo, ubizelwe ukuzuza imiphefumlo kule ndawo ukuyo.

Naphi na apho ukhoyo, zuba imiphefumlo. Musa ukuzingca ngevangeli kaYesu Krestu; thetha nakubani ngobungcwalisa bukaKumkani wookumkani ubone ukwenzeka kwemimangaliso ebomini bakho.

Naphi na apho ukhoyo, zuba imiphefumlo. Musa ukuzingca ngevangeli kaYesu Krestu; thetha nakubani ngobungcwalisa bukaKumkani wookumkani ubone ukwenzeka kwemimangaliso ebomini bakho.

ISIPROFETO

Ndakuwenza umsebenzi kaThixo, yena wenza owam! Isivuno sasilungile, okwam kukuvuna. Ndiza kuyihambisa ivangeli, ndikhokelele abantu eNkosini ngaphezu kokuba bendisenza, ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseRoma 1:16

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: ULuka 16-17

**KwabaseRoma 12:2 (NIV)**

Yekani ukulinganisa izinto zeli hlabathi, kodwa guqukani ngokutshintsha indlela enicinga ngayo, ukuze nizibonele ngokwenu ukuthanda kukaThixo afuna sikwenze, okulungileyo, okwamkeleleyo kuye nokugqibeleleyo.

Ubukumkani bamazulu bufaniswa nomntu owahlwayela imbewu entle entsimini yakhe, kwathi ngexa bonke belele, kwafika utshaba lwahlwayela ukhula phakathi kwezilimo zakhe. Lo mzekeliso uluthelekiso olunje kuba amaKrestu amaninzi alele kodwa umsebenzi kaThixo awukagqitywa!

Ukuba ufuna ukuphakama njengokapteni, akuvumeli nantoni na ukuba ikuphazamise ukuze amehlo akho asuke kuThixo. Ukapteni wokwen-

yani uyakuqonda ukubaluleka kokomelela ngamaxsha ezaqhwithi namaza antlithekayo!

Ukapteni wokwenene akayekeleli okanye atsibe inqanawa itshona :. Kwangokunjalo, njengomntwana kaThixo, musa ukuvumela ukuphazanyiswa yimimoya yangaphandle ikuphazamise kubizo lwakho, uyekelele, utsibe enqanaweni ungekafiki kwindawo oya kuyo. Musa ukuliphulaphula ilizwi lomtyholi. Endaweni yoko, vumela ilizwi likaThixo lisebenze njengemasti likuqhubele phambili kuzo zonke iinkalo zobomi bakho!

ISIPROFETO

Ndingukapteni wemihla! Andilali emsebenzini. Andiluvumeli tu utshaba ukuba lundiphazamise kumsebenzi uThixo andibizele wona. Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseKorinte 2 6:14

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UYohane 11

**UMateyu 19:26 (KJV)**

Ondele ke uYesu, wathi kubo, Kubantu le nto ayinakwenzeka; ke kuye uThixo zonke izinto zinako ukwenzeka.

Akukho nto ingenakwenzeka kwabo baseNkosini! Musa ukujonga ekhohlo okanye ekunene; amehlo akho mawajonge eNkosini kuphela! Nokuba ungabuthathaka kangakanani okanye ngathi uliathalala, uThixo ukunike amandla okuba uphile ngaphaya kweemeko ojamelene nazo!

Ungaze uzibekela umda, uzikhe nganeno ebomini. Nokuba ungangakanani umngeni nobunzima ojamelene nabo, ukhonza uThixo omkhulu! Xa usazi ukuba angakanani na amandla akunike wona, akukho sixhobo sinamandla ngokwaneleyo sinokukwenzakalisa;

nokuba imeko yezimali imbi okanye zizigulo, uThixo ukunike uloyiso kuzo zonke.

EBhayibhileni, sibona abantu abafana noPetros, ogama lakhe ngaphambili linguSimon elithetha ingcongolo ephetshethwa ngumoya. Kambe xa uMoya oNgcwele wayeqalisa ukusebenza ebomini bukaSimon, waba nguPetros, ulwalwa!

Nokuba izinto azimanga kakuhle kangakanani ebomini bakho, uThixo unamandla okuguqula imeko usuke ekubeni yingcongolo emoyeni ube lilitye eliqinileyo. Wathembe amandla akunike wona uThixo njenjomntwana wakhe ukuba ungenza nantoni na!

ISIPROFETO

Ndinako ukuzenza zonke izinto ngoThixo! UThixo uyikwebule yonke intswela-luzinzo empilweni yam wandimisa ndee zintzi okwelitye elikhulu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

ULuka 1:37

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: ULuka 18

**KwabaseFilipi 3:13-14 (KJV)**

Bazalwana, mna andizibaleli ekuthini ndigángile; ke ndenza nto-nye: ndithi, ndízilibala izinto ezisemva, ndísolulela kweziphambili, ndihuthume ngokox-unele umvuzo wobizo lwaphezulu lukaThixo kuKristu Yesu.

Into ethintela abantu bakaThixo bangaziboni iziphumo zokwenene kukungakwazi ukusuka kwiinto ezidlulileyo. Esi sixhobo sikamtyholi siyasebenza, siqinisekisa ukuba umntu uvaleleke enkonkxeni egcwele zonke izinto ezidlulileyo - ezilungileyo, ezimbi nezimanyumnyezi, futhi ke, ewe, akuzizo zodwa ezi zimbi okungalunganga ngazo okudlulileyo, kodwa nook kulungileyo. Mandiyicacise le ndawo.

Wakha wadibana nabantu abaqhayisa ngezinto abakha bazenza kudala? Ungabeva besithi, “Ndandikade ndimkhulu!” okanye “Ndandiyintshatsheli yento ethile kwiminyaka engamashumi amabini eyadlulayo.” Yintoni leyo? Lixesha elidlulileyo lenza ngokwesiqhelo, ukukugcina umi endaweni enye, ukhubazekile ungayi phambili!

Ukususela namhlanje musa ukuchitha ixesha, uzikhathaza ngeempazamo ozenzileyo okanye impumelelo yangaphambili. Phumelela ngakumbi ngoku! Likhulu ibhaso ngaphambili kodwa kuqala, libala ngezingasemva!

ISIPROFETO

Okudluleyo kudlule, yimbali, ihistri! Ukususela namhlanje, ndiza kwenza kakhulu. Akukho hlahla ndiza kulirhuqa ukubheka phambili egameni likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Ulsaya 43:18

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMatyeu 19, UMarko 10

GOODNEWS DAILY SPECIALS WEEK

The **GoodNews Daily Specials Week** is where millions of people worldwide tuned in for a spectacular, epic 5-day telecast as we celebrated the global impact of the GoodNews Daily devotional authored by **Prophet Ubert Angel**, and its heroic partners whose extraordinary efforts have helped spread the message of the hour across the globe. **GoodNews Daily Specials Week** with **Prophet Ubert Angel** was an unparalleled event with guest speakers from the United Kingdom, India, Germany, Fiji, America & South/East Africa talking about the impact of the daily devotional globally. This marked a new era of global impact through God's Word, and we can't wait to do it again.



@goodnewsdailydevotional



**UYeremiya 51:20 (KJV)**

Wena usisixengxe sam, usisikrweqe sam sokulwa. Ndiya kuzihlekeza ngawe iintlanga, ndizonakalise ngawe izikumkani;

Khawube nomfanekiso-ngqondweni kaThixo—Lowo uhleli kwisangqa sakhe, uSomandla, Lowo uvakalisa isiphelelo kwasekuqaleni—ewe, iNgqonyela yendalo iphela, ifuna isixhobo semfazwe yaye ikhethe wena njengezembe layo edabini!

Izembe lokulwa lifana nehamile esezandleni zikaThixo ukutyumza ukuhlaselela kotshaba oluchasene nezimali zakho, umtshato wakho, abantwana bakho kunye nomsebenzi wakho. Xa uthatha isigqibo, uziqonda ukuba usisixhobo semfazwe, ungangena emthandazweni

okwesiqhushumbisi sasemajukujukwini, udale isiwiliwili, kungqubane iintloko enkampini yotshaba.

UThixo uya kukusebenzisa ukufezekisa izicwangciso neenjongo zakhe. Uyile ndalo ilindele ukubonakaliswa. AbaseRoma 8:19 athi: “Kuba ukulangazelela kwendalo kulinde ukutyhileka koonyana bakaThixo.”

Tshintsha indlela yokwenza ume endaweni yakho njengesixhobo sikaThixo semfazwe. Utshaba aluyi kuba nayo enye indlela, luya kwesaba!

ISIPROFETO

Nokuba ingaqala ngawuphi umzuz imfazwe, ndiyilungele. Sendiwulungiselele lo umsebenzi kwaye akukho ndlela yimbi, ndiyaphumelela, uloyiso luqinisekile ngoKrestu. Ndiza kuwuhambisa umyalezo ongobabalo lukaThixo ngegama likaYesu!

ESINYE ISIFUNDO

Ulsaya 41:15

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMatheyu 20-21

**KuTimoti II 4:7 (KJV)**

Umzamo omhle ndiwuzamile, ugqatso (lwam) ndilufezile, ukhoho ndilugcinile.

Enye yeempawu ezininzi zobujoni si-sakhono sokuhlala lilindele ukubizwa nanini emfazweni. Ukulungela ukuya edabini kwejoni nangaluphi usuku, iveki, inyanga okanye unyaka kubonisa ukuba yimpilo yalo leyo. Ijoni emfazweni kufuneka lilindele ukubulala okanye ukubulawa, akukho kucinga kabin-iakubuzwa mibuzo!

UMKrestu umele aqonde ukuba used-abini. Ngoko ke, umele ahlale eku-lungele ukumkholisa Lowo umnyulileyo, oyikumkani enguYesu. UYesu uthi: "Asinini enanyula mna; ndim owanyula nina, ndanimisela, ukuze niye nithwale isiqhamo, nokuze isiqhamo senu sihlale;

ukuze oko enithe nakucela kuBawo egameni lam, nikunikwe. (UYohane 15:16)

Ligunya esilinkweyo eli lithi: phumani nizuze imiphefumlo emininzi kwaye imiphefumlo ezuzekileyo kufuneka ihlale. Ke ngoko, qiniseka ngokuvangela, ngomsebenzi owenzayo ebandleni qiniseka, ukuba uyathandaza qiniseka ngokuthanza. Usemfazweni, Sisebenzise ngokugqibeleleyo nasiphi na isixhobo okanye nayiphi into enokwenza uyiphumelele le mfazwe.

ISIPROFETO

Ndilijoni likaKrestu mna. Umqweno wam kukwenza intando yalowo ndisisicaka sakhe. UYesu, iKumkani enkulu yi-boss yam! Mayibongwe iNkosi!

ESINYE ISIFUNDO

Izenzo 20:24

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: ULuka 19



KuTimoti II 2:3 (KJV)

Wena ngoko, bunyamezele ububi njengomphumi-mkhosi olungileyo ka-Kristu Yesu.

UPawulos, umpostile othembekileyo ka-Krestu, owaphukelwa yinqanawa izihlandlo ezininzi, owayevalelwa entolongweni ngenxa yeVangeli, wabubeka esichengeni ubomi bakhe ehambisa iLizwi likaThixo kwezona ndawo zikude ehlabathini. Eneneni, ngoyena onelungelo lokumyala unyana wakhe uTimoti, ngokwakwamoya, ukuba njengejoni elilungileyo makabunyamezele "ubunzima".

Khetha phakathi kokuba lijoni elilungileyo nokuba ngumntu nje! Xa uzibona utsaleka ungena kwintle bendwane, ube ngumntu wolwimi, ungmntu nje

ke wena. Xa uthabatheka lula ngamarhe neenkohliso, ungevi amazwi eNkumanda yakho, iNkosi uYesu, ungmntu nje. Xa usiva umthandazo, ukuzila, nokufunda iLizwi likaThixo kungumthwalo endaweni yokuba yinto enomdla, ungmntu nje. Ukuba iyure ezimbini usenkonzweni kuwe zisisithukuthezi, ungmntu nje.

Namhlanje, ubomi bakho bobuKrestu mabubonise ubomi bonyamezelo nokuzincama njengejoni. Musa ukuyekelela; yimi ungagungqi esikhundleni sakho. Unyaka waMasi noBusi awukapheli. Uza kubhiyozana nawe kulo nyaka ufane nejoni libuya emfazweni loyisile ngegama likaYesu elinamandla! Mayibongwe iNkosi!

ISIPROFETO

Mna ndilijoni lemfazwe, ndibheka phambili neNkumanda yam enguYesu iNkosi; andibuyi ngamva. Ubomi bam buxhakaxhaka ziimbasa zoloyiso ezibubungqina ngegama likaYesu! Amen!

ESINYE ISIFUNDO

KuFilemon 1:2

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMarko 11, UYohane 12

**OoKumkani II 6:17 (KJV)**

Wathandaza uElisha, wathi, Yehova, khawuwavule amehlo akhe, abone. UYehova wawavula amehlo omfana lowo, wabona, nantso intaba izele ngamahashe neenqwelo zokulwa zomlilo, zimjikelezile uElisha.

Umkhonzi kaElisha wayephakuzela, ejonge kwizinto zendalo xa yena nomprofeti babengqongwe ngamahashe neenqwelo zokulwa zemikhosi yotshaba ezazifuna ukumbulala umprofeti uElisha! Umprofeti uElisha wayengengomntu uqhelekileyo. Enyanisweni, akakho umprofeti wokwenyaniso kaThixo ongumntu nje oqhelekileyo; ungumlomo kaThixo ovunywe liZulu.

Umprofeti uElisha wayesazi ukuba unomkhosi ochubeke ngaphezu kwalo

umkhonzi wakhe wayewubona. Ngumthandazo womprofeti owenza ukuba avuleke amehlo omkhonzi wakhe abone ubunzulu belo dabi. UElisha wayengakhuselwanga nje ziingelosi ezazixhobe zifohlele, zazikwakhwele iinqwelo zomlilo!

Ukusondelelana okanye ukuhamba noMprofeti kaThixo makungakuvali ungaqondi ukuba i-spiritual reality distortion field, kuyazigqwetha izinto, ithi into imakhulu-khulu eekhilomitha umgama, xo ngokwasenyameni makungakuvali amehlo ungaqondi ukuba ziyagqwethaka izinto makungaphithikezi ngaiqo yakho yokuqonda ukuba ezakwamoya ziyahlula, Leyo yinyani engenakuphikwa ekufuneka uyihlonele.

ISIPROFETO

Enkonzweni kaThixo ndisebenza ngenkuthalo nangentlonelo. Ndiya kuhlala ndinentlonipho nembeko njengomkhonzi othembekileyo weNkosi kwabo uThixo ababeke njengeenkokeli zam, ngegama elinamandla likaYesu. Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Indumiso 68:17

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 22, UMarko 12

**ULuka 7:8 (KJV)**

kuba nam ndingumntu omiswe phantsi kwegunya labanye, ndinamasoldati aphantsi kwam; ndithi kweli, Yiya, liye; kweliya, Yiza, lize; kumkhonzi wam, Yenza oku, akwenze.

UYesu, owadela amanzi wahamba phezu kwawo, wandisa izonka ezihlanu neentlanzana ezimbini wondla amadoda angamawaka amahlanu, ungababalanga abantwana, lo Yesu inye eyammangalisayo kuzoz zonke ezo zinto, "ijoni."

Isimilo sejoni kukuthobela igunya! Ijoni lokwenene lithobela umyalelo. Umsebenzi wejoni kukukhusela umgaqosiseko welizwe, kuMKrestu ke yiBhayibhile leyo, ilizwi likaThixo. Ijoni lokwenene liyakwazi ukubamba umthetho. Uredi

na wena ukuba ungalijoni likaKrestu?

IBhayibhile ithetha ngamadoda kaThixo amandulo awabubeka esichengeni ubomi bawo; ayezithatha njengamajoni emkhosini kaKrestu! Kule mihla yokugqibela kufuneka amajoni amaninzi aqondayo ukuba sisemfazweni kwaye akukho kungxabalaza, uthatha icala elinye. Ngoko ke, hlala uphaphile njengejoni elilungileyo edabini. USathana, utshaba lwethu, ngumaqhingana. Musa ukumvumela angene kuwe! Zikhusele kuye unгахleki nenye ehlekisayo, ungayekeleli.

ISIPROFETO

Ukunyaniseka kwam kwiNkosi noMsindisi wam, uYesu Kristu, akugungqi. Ndihlala ndilungele umsebenzi osebenzayo nangaliphi na ixesha, ndilungiselelwe njengomkhonzi othembekileyo. Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KuTumoti II 2:3

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 23, ULuka 20-21

**2 Korinte 4:7 (KJV)**

Ke kaloku obu butyebi sibuphethe ngezitya zodongwe, ukuze incamisa yamandla ibe yekaThixo, ingaphumi kuthi.

Kwamhlamnene, uThixo, ngobulumko bakhe obungenasiphelo, wagqiba ekubeni afihle ubutyebi. Akukho ndawo yayingathi ifanelekile, kwakugekho nangaphakathi kwidayimani, igolide okanye iirubhi, ngaphandle nje kwesitya sodongwe esibizwa ngokuba ngumntu! Esi sitya sodongwe sasingathwali butyebi nje kuphela kodwa "ubomi obungunaphakade" (UYohane 3:15).

Igama lesiGrike eliguqulelwe ngokuthi 'unaphakade' ngu-aiónios, elithetha ihlabathi elingenasiqalo nasiphelo—

elikhlo futhi eliya kuhlala likho! Obu ke, eneneni, bubomi bexesha elizayo.

Unikwe ubomi bukaThixo! Obu bomi abubandi, abudikidiki, bunomlilo. Nantsi imfihlelo: nguKrestu ongaphakathi kuwe, olithemba lozuko. Unomlilo ongaphakathi ophilisayo, kungabikho bani unokukwenza nto. Uyinto ehambayo, ephefumlayo, ephilayo, engenakoyiswa, ethwele ikomkhulu likaThixo. Mhlawumbi uza kuthi akuyiva apha kuwe loo nto, kanti ke nguwe nqo. Qalisa uhambe ngaloo mqondo ungoyiki kulo nyaka waMasi noBUsi!

ISIPROFETO

Ndithwele uThixo ngaphakathi. Ndinobomi obunguZoe, ubomi bukaThixo; ke ngoko, andinakonakala, andinakuchukunyiswa nto kwaye andinakoyiswa. Wakundichukumisa nje, kuphelile ngawe, ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KumaKorinte II 5:1

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMarko 13

**Isityhilelo 8:4 (KJV)**

Wenyuka ke umsi weziqhumiso, kunye nemithandazo yabangcwele, ephuma esandleni sesithunywa sezulu, waya emehlweni kaThixo.

Ingaba unawo umbono wefektri, umzi ekuveliswa nekudityaniswa umlilo kuphela kuwo ? Heke, yindawo enjalo ke isibingelelo—indawo yemveliso yezomoya ophenjwa kuyo umlilo! Xa sele uredi ukuba uvelise umlilo ovuthayo, yiya apho ubunjwa khona ke, esibingelelweni! Uya kuhlangana nabo apho ubuthixo obu.

Makwenzeke njalo kuwe namhlanje.

Xa uthandaza kwesaa sibingelelo siliziko lakho ekhaya okanye kuloo ndawo uthandazela kuyo, uza kukwenzela izimanga apho uThixo akudlise anencasa wona amasi nobusi, ngoku nanganaphakade. Mayibongwe iNkosi!

ISIPROFETO

Ndenziwe ndalidangatye lomlilo! Ubomi bam buya kuphuma umlilo odla konke okungumsebenzi wotshaba. Umlilo kaMoya oyiNgcwele uvalelwe emathanjeni am; ugxotha izifo nobulwelwe zingangeni, ke ndiphila ubomi boloyiso eGameni likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

lindumiso 141:2

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu 24

**KuTimoti 1 4:12**

Makungabikho namnye ubudelayo ubuncinane bakho; suka ube ngumzekelo wabakholwayo ngentetho, ngehambo, ngothando, ngokholo, ngobunyulu.

Kukho ixesha kunye nethuba elimisiweyo lokuba ungene ngokupheleleyo kubizo lwakho, ube nefuthe kwxesha ophila kulo. Leo xesha ke ngoku!Siyababona abadlali bebhola ukuba ikhono labo baliqala besebancinci, besazi ukuba bakuba seminyakeni ethile, isipho eso okanye italente leyo iza kuyeka ukuba neziphumo ezibonakalayo ethubeni. Ke ukuba abantu abakweminye amakhono bangaqala kwasebutsheni, kutheni ucinga ukuba umsebenzi womvangeli, umfundisi okanye umprofeti unzima ngenxa yobudala bakho?

budala bakho?

Owakho asilohlobo nje lomsebenzi ofundelweyo, ubiziwe ukuba uqalise kwangoku ungalibazisi. Into imalunga nento oyenzayo, hayi ubudala! Musa ukuvumela impakamo ezenza ngathi iziintloni, ikunqande! Vuk a, uphakame uthathe isikhundla sakho sokuhambisa iVangeli uvutha ngumlilo kaYesu. Xa uzithoba kuMoya kaThixo, uya kulivula alandise ilizwi lakho ukuze libe nefuthe, uziwinele kuYesu izizwe!

Siphila kwimihla yokugqibela, alisekho ixesha; ixilongo linokuvakala nangaliphi na ixesha! Vuka!

ISIPROFETO

Ndibiziwe nguThixo, endibizele ukuba nempembelelo kwesi sizukulwana ndiphila kuso. Ndiya phambili ndikhaliphe okwengonyama ndisoyisa, ndizuzela uYesu imiphefumlo! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KuTito 2:15

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMatheyu 25

**Izenzo 7:55 (KJV)**

Ke yena, ezele nguMoya oyiNgcwele, waqwalasela ezulwini, wabona ubuqaqawuli bukaThixo, noYesu emi ngas-ekunene kukaThixo.

Enye yeempazamo ezinkulu endizibonayo eCaweni namhlanje kukuba abantu bacinga ukuba amadoda kaThixo ayafana. Jonga indlela iBhayibhile xa isichazela ukuba uThixo wema uStefano exulutywa ngamatye: UThixo waphakama wema etroneni yakhe ukuze abone umonakalo!

Khawufan' ucinge, izizwe ziyatshatyalaliswa, iidolophu nezixeko zitshatyalaliswa ziphele zithi nya ziinyiki-ma nemililo, abe uThixo ehleli (phantsi) etroneni yakhe, kodwa ngokuya kwakuxulutywa uStefano waphakama

wema. Oku kufanele ukukuxelela ukuba asifani sonke kuThixo.

Ngoku lixesha lokuba abantu bakaThixo bahlaziye iingqondo baqondisise ngamadoda kaThixo, bawaxabise - hayi bonke ngokulinganayo kodwa ngokwenqanaba nenqanaba lobabalo asebenza ngalo! Xa indoda kaThixo ikwazi ukuprofeta ngeeprezidanti neenkulumbuso eziphumayo nezingenayo, ufanele ukuba uphinde ukucinga, uyixabise loo ndoda kaThixo. Kukho amadoda kaThixo akwaziyo ukushukumisa aguqule izinto, akhulule izibopho. Amadoda kaThixo anjalo, woyike!

ISIPROFETO

Ndiyilwamkela ubabalo olulodwa kumkhonzi kaThixo ngamnye! Ndizibophelela ekubaxabiseni ngokobukhulu bemisebenzi yabo yobungcwele nobabalo oluphezu kwabo. Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UMarko 16:19

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sa namhlanje: UMatheyu 26, UMarko 14

**OoKumkani I 1:34 (NLT)**

bamthambisele khona ooTsadoki umbingeleli noNatan umprofeti, abe ngukumkani kumaSirayeli; nivuthele izigodlo, nihi, Makadle ubomi ukumkani uSolomon!

Bakhona abantu abaqaqambileyo kunabanye ngokwakwezomoya, abayiqonda bayibamba into endiyibiza ngokuthi yithekhnoloji yobupriste, nabayisebenzisela ukwenza izinto ezinkulu zikaThixo. Bona bayakwazi ukugqithelela kwelinye ixesha ngokomoya, baququle khona izinto zokomoya zibonwe ngamehlo.

Ilizwi likaThixo lithi singookumkani nababingeleli (abapriste) (Isityhilelo 1:6), hayi abaprofeti nababingeleli (abapriste)! Umprofeti uyalela ngesiprofetho, ngexa yena umpriste, ngethekhnoloji yobupriste, nengunya lokwenzisa okuyalelwa ngumprofeti!

KwiNumeri 16:47, qaphela ukuba kwakukho imeko embi apho umprofeti uMoses, waprofetayo wayalelayo) waza uAron, owayengumbingeleli (umpriste), wayeqinisekisa ukuba loo myayelo uyathotyelwa. Xa uziqonda ukuba ungumpriste, ungayisebenzisa ithekhnoloji yobupriste usinqande nasiphi isigulo esigqungqisa ifemeli yakho, abam-elwane kanti nesixeko omi kuso! Ithekhnoloji yobupriste iyakuvuselela, uthathe idawo yakho yolawulot, nto leyo ingundoqo kwiofisi yakho yobupriste! Ugcobo lobupriste kuwe luphakanyiswa ngomthandazo, ngena kuwo ngoku, hayi ngomso!

ISIPROFETO

Ndingumbingeleli onobukhosi ongenakulukuhlwa yimikhwa yotshaba. Ndiyazazi ukuba ndingubani kuKrestu Yesu, ndimiselwe okukhulu, ngaphaya kweemeko zobomi! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

USamuweli 10:24

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: ULuka 22, UYohane 13

**EkaYuda 1:9**

Kanti yena uMikayeli, isiphatha-zithunywa zezulu, oko wayebambene naye umtyholi, bebangisana ngawo umzimba kaMoses, akabanga nabuganga bakumzisela mgwebo wakunyelisa; wesuka wathi, INkosi mayikukhalimele;

Isifundo sanamhlanje yivesi engaqhelekanga kakhulu. UMoses, umkhonzi kaThixo, ufile, nguThixo yedwa obekho emngcwabeni wakhe.. Xa sifunda siva ukuba impikiswano eshushu phakathi kwesiphatha-zingelosi uMikayeli nomtyholi ngomzimba kaMoses. Sidumbu esi umtyholi azama ukusixutha asise kwilaboratri yasesihogweni, khe sihlolwe!

Ngumntu onjani kanti uMoses lo ekude kufuneke kuthunyelwe uMikayeli wonke ngokungxamisekileyo, hayi enye ingelosi, ukuba ayokuvala isidumbu sakhe singayi kuSathana? UMoses wayelambeke izinto zikaThixo. Umzimba wakhe wonke wawunoBuThixo kangangokuba kwakusiliwa ngawo nasekufeni. Wena uyitempile kaThixo. Ngalo nyaka waMasi noBusi, lambela ezikaThixo, ziya kuthi nezithunywa zikulwele, uloyiso lwakho luqiniseke.

ISIPROFETO

Ndiyavutha ndivuthela iNkosi. Ndiyazi ukuba sele elandele uThixo ikamva lam. Andinakususwa zizinto ezincinci kuye. Ndisabele ubizo lwam kuKrestu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

IDuteronomi 34:6

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UYohane 14-17

**KuTimoti II 4:7 (KJV)**

Umzamo omhle ndiwuzamile, ugqatso ndilufezile, ukhoho ndilugcinile.

Kuyo yonke iminyaka yokuhamba kwam noThixo, nokuba ndiphi, ndiqaphela ukuba amaKrestu amaninzi ayathakazela, ebonisa umdla xakusithiwa makuthandazwe enkonzweni. Kwimizuzu emihlanu yokuqala ukuya kwelishumi bayavutha. Uya kuqaphela ngokuya lihamba ixesha amandla ayetha, umfutho awusekho! Bathi be-beqale bekhwaza, usuke uve sebesitsho ezantsi.

Yiva ndikuxelele: Umthandazo asingomdyarhon; yimarathon! Yithi chu emthandazweni, ungangxami, kodwa zondelela, uthu gqolo kuwo. Uleqa phi? Ulwa nabani? Mawube njengemara-

thoni umthandazo uhlale kwiilwimi, ngoba iBhayibhile ithi, "Ngokukwanjalo ke noMoya uncedisana nokuswela kwethu amandla; kuba esingakuthandazelayo ngokoko simelwe kukuthandaza ngako, asikwazi; uthi ke umoya ngokwakhe asithethelele ngezincwino ezingathethekiyo. (KwabaseRoma 8:26). Iimbaleki zemarathon aziqeqeshelwa kugqiba ngemizuzwana embalwa kodwa iiyure, ukuze zaphule iirekodi, zifikile entanjeni. Yenza njengembaleki namhlanje.

ISIPROFETO

Ndijonge kubizo lwam. Ugqatso lwam ndolubaleka ngenkuthalo. Ukusebenzela uThixo sisigxina kum, enye neny into yeyexeshana! Makazukiswe uThixo! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Izenzo 20:24

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMateyu27, UMarko 15

**ULuka 18:1 (KJV)**

Ke kaloku, wayethetha nomzekeliso kubo, wokuba bamelwe kukuhlala bethandaza, bangethi amandla;

Umthandazo asingowazinkcukacha-za kodwa ungowokwakheka kwakho. Xa amazwe ehlabathi ebala iintloko zabantu azokwazi inani labantu elizweni, uThixo akenzi njalo. UThixo irekhodi yabemi ezixekweni nasemazweni uyijonga ngokwenani labantu abathandazayo! uUkuba isixeko sinabantu abazizigidi ezilishumi, kuThixo, ukuba kuthandaza kuphela isigidi esinye sabantu, eso sixeko sinabahlali abasisigidi esinye qha, hayi ezilishumi.

Kwivesi yanamhlanje, uThixo unika abantu umyalelo ngamabakwenze. Enyanisweni, kwincwadi kaMateyu

26:40, iNkosi yethu uYesu Krestu isinika elona xesha lifutshane lokuba umthandazo ubhalwe kwiincwadi zasezulwini—iyure enye!

Ngoku lixesha lokuba ugqithe umthandazo wakho kwimizuzu emihlanu, elishumi okanye engamashumi amathathu, ube yiyure epheleleyo, ukuze wenze esona skro sincinci. Eyona nto kukuba mawufumane ixesha lokwakheka kangangoko, ungahambi ngokuba uva njani; kufuneka uhlale emthandazweni de uyifumane impendulo. Zityhale kulo nyaka waMasi noBusi; iziphumo ziza kukothusa, nobomi bakho nobefemeli yakho buthi phendu, zitshintshe izinto!

ISIPROFETO

Ubomi bam bomthandazo buphakamile, isantya siphezulu kangankokuba xa ndithetha, iimeko zitshintsha zinyanzelekile ngegama elinamandla likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Kwabase-Efese 6:18

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: ULuka 23, ULuka 18-19

**IEksodus 3:17 (KJV)**

Ndathi, Ndiya kuninyusa niphume ezintsizini zaseYiputa, niye ezweni laMaKanan, namaHiti, namaAmori, namaPerizi, namaHivi, namaYebhusi, ezweni elibaleka amasi nobusi.

Abaprofeti bokwenyani baba neem-pawu nemiqondiso, nokuba uphawu luyityuwa, iifoto, ioyili, amanzi, itshey-ina, ubusi, ubisi, njalonzalo. Lo ngunya-ka waMasi noBusi, ubomi obunencasa eyodwa eswiti nentubululu ekunyanzelekileyo ukuba uyiphile apha ku-2024.

Xa uThixo ethetha, uyalilinda ilizwi laKhe lenze. Xa kuthethwa iziprofeto, zibeke entliziyweni kuba kwangaloo mzuzu ziphuman ziye kwenza okuthethiweyo! Akuzukujika nto. Le athe uThixo uza kuyifumana kulo nyaka

uza kuyifumana.

KuLwandle oluBomvu, abantwana bakwaSirayeli, bejamelene noku-ba bangaphindela ebukhobokeni besukelwa ngumkhosi waseYiputa, babona ummangaliso ongazange ubonwe ngaphambili kwimbali yomntu: INkosi isahlula uLwandle Olubomvu ngokufutha kwamathatha ayo. Kuloo ngxaki ifana noLwandle oluBomvu ukuyo ngoku, akuphel-anga ngawe; uza kuba nobungqina obumangalisayo obububuqaqa-wuli bukaThixo, ngegama likaYesu elinamandla!

ISIPROFETO

Sendibhiyoza mna ngoba ndiqisekile ngoloyiso, ndiyazi ukuba ummangaliso wam usezandleni zikaThixo. Iziphumo ziza kubonakala kulo nyaka waMasi noBUSI! Haleluya! Amen

ESINYE ISIFUNDO

IEksodus 6:6

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UMatyeu 28, UMarko 16



EkaYakobi 5:17 (KJV)

UEliya wayengumntu oluvo lunjengolwethu, wathandaza umthandazo ukuba ingani; ukuba ingani; ayana kunehlaleni iminyaka emithathu eneenyanga ezintandathu.

Akungekholwa ukuba amaKrestu amaninzi awakwazi ukubona ukuba kwenzeka ntoni ngokwasemoyeni. Uyabona, xa ubomi ubenza into engenamsebenzi, ungakhathali, ekugqibeleni uya kuba lixhoba lula nje. Nangona kunjalo, xa umnqweno wakho ikukukholisa uThixo, uya kuzilambela zakwaMoya. Umntu olambileyo akanaxesha likhethekileyo okanye iyure ayibekayo yokuthandaza; uvela adubuleke ngeelwimi nokuba usenkonzweni nokuba akakho nkonzweni. Akaye akunake nokwenzekayo ngoba uhlala esemoyeni, ebona izinto ezingabonwayo ngeso lenyama.

Lambela izinto zakwaMoya kunokuba ube ubambeke yimicelimngeni yasenyameni, ekugqibeleni uza kuzoyisa ezo zinto ngamaxesha okuzila nokuthandaza.

Abantu abathandazayo ngabantu abalambeke ukwenza intando yeNkosi. Eli lixesha lokuyeka ukuba dikidiki ube shushu, ngenxa yokuba ulambeke ezikaKrestu. Uya kububona buguquka kobomi bakho MKrestu kulo nyaka waMasi noBusi.

ISIPROFETO

Endikwenzayo, endikuthethayo nendlela endikwenza ngayo ikukhombisa umnqweno wam ovuthayo n wokukhonza uThixo de kufike ixesha lokunyuka ndilingene izulu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

OoKumkani I 17:1

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: ULuka 24, UYohane 20-21



ULuka 5:4 (KJV)

Akupheza ke ukuthetha, wathi kuSimon, Yirholele enzulwini, nihlise iminatha yenu, kubanjiswe.

Isibhalo sanamhlanje sithi, thoba iminatha, hayi umnatha! Musa uhla phantsi uthi ubhalala ibhajethi. hlala unebhajethi yokholo. Makhe sijonge ubomi bokwenyani siyeke ukuba ukuzijonga mxinwa indlela ezihamba ngayo ezezimali ehlabathini.

Oosomashishini bokwenyani baqala amashishini bengenamali! Njengomntwana kaThixo onolu kholo analo uThixo, imali kufuneka iyazi idilesi yakho! Kule mihla yokugqibela, injongo ephambili kukuhambisa iGospile kulo lonke ihlabathi. Nangona ingabhatalelwa iGospile, ukuhanjiswa kwayo kusebenzisa

imali ebonakalayo.

AmaKrestu mawangajongi apha kufutshane, mawangene emaketheni, angenise imali ngeebhizinesi ezininzi, anabe. Silunikiwe ubabalo lokuba sithenge imihlaba, singene sizibandakanye kwiintobo ngeentlobo zamashishini, sibolekise, kungaboleki thina!

Malunyuke ukhoho lwakho lube kwelinye inqanaba, usazi ukuba uThixo uneebhiliyoni zeendlela zokuza kugalela iidola eziyibhiliyoni eakhawuntini yakho. Thoba iminatha ke ubambise konke okuza nemali kulo nyaka waMasi noBusi!

ISIPROFETO

Lifikile ixesha lam, ixesha lokubonakalisa uzuko lukaThixo. Ndibhabhela phezulu okokhozi, ndithe qwa, andiphoswa nalinye ithuba lokungenisa imali kuba inomsebenzi omkhulu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UYohane 21:6

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: Izenzo 1-3

**Ulsaya 40:31**

ke bona abathembele kuYehova baya kuhlaziyeka emandleni; baya kunyuka ngamaphiko njengeenkozi; baya kugidima bangadinwa; bahambe, bangatyhafi.

Kukho iindawo ezithile olungenakuze luphile kuzo utshaba lwakho. Xa ukhozi luhlasela inyoka, luyazi ukuba inyubeleza ngokukhawuleza emhlabeni. Indlela ethambe ngayo inyoka emhlabeni ayinakuthelekiswa nanto kwaye kuba nzima ukuyahlula emhlabeni wayo! Ukhozi luye luthui ngobuchule baloluyithi xhwi inyoka lunyukele phezulu esibhakabhakeni apho ingakwazi khona ukufumana ioksijini inyoka nezinye izidalwa. Akubi xesha lingephi, ithi minxi ingakwazi kuphefumla, kusephezulu njalo ukhozi.

Thatha amadabi akho uwanyusele ngentla, lifikile ixesha. Nyusa iqondo lomthandazo ngoku, khonza unyaniseke, zila uzingisile.. Vimb'utshaba ioksijini, uluyekelani luphefumle! Bheka ntsho phambili uyibone inkqubela ukuze kuzukiswe uThixo.

ISIPROFETO

Ndiza kunyukela phezulu njengokhozi, apho ndingenakwahlulwa nto khona. lingelosi zikunye nam kulo msebenzi, akukho meko iza ndibamba ngegama likaYesu elinamandla. Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseKorinte II 4:8

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: Izenzo 4-6

**UMateyu 13:11 (KJV)**

Waphendula ke wathi kubo, Kungoku-ba nikuphiwe nina ukuzazi iimfihlelo zobukumkani bamazulu, babe ke bona bengakuphiwanga.

Enye yeempawu ezinomdla kwisithuthi esixubileyo ihybrid kukukwazi ukutshintsha amafutha okanye amandla aziqhubayo. Ii-hybrid ziyazitshintsha, zithi bezihamba ngepetroli ubone sezihamba ngombane kungekho ziphazamiso. Nangona kukho izithuthi ezizezombane wodwa nezizezetroli yodwa, ezi zixubileyo zizisebenzisa zombini ezi zinto.

Ungumntu womoya wena kodwa ophila emzimbeni, unomphefumlo. Usidalwa esixubileyo esikwaziyo ukutshintsha phakathi kwamahlabathi amabini. Ukuba le uyibonayo noyivayo ayikusebenzeli, ukuba awunyuselwa mvuzo emsebenzini, ukuba akude unyuselwe, tshintsha ubheke kwezakwamoya.

Okusebenza ehlabathini akusebenzi kuwe. Wena uphila ngemithetho eyahlukileyo. Ngoba kutheni? Ngoba usidalwa esixubileyo, esilungiselelekileyo ukuba simana sifuduka sithi sisenyameni sibe sikwezamazulu, elomoya. Lifikile ixesha lokuba uyeke ukuxelela uThixo ngale meko naleya; endaweni yoko, xelela imeko le ngobungangamsha boThixo wakho kulo nyaka waMasi noBusi.

ISIPROFETO

Xa utshaba lucinga ukuba luyaphumelela ngokweli lizwe sili-bonayo, ndisuka nditshintshele kwezomoya apho uloyiso lwa lungenakuthinteleka khona, ngegama likaYesu. Amen.

ESINYE ISIFUNDO

ULuka 8:10

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: Izenzo 7-8

**UMateyu 6:22**

Isibane somzimba(esikhanyisayo) liliso; xa sukuba iliso lakho ngoko lingenakumbi (lilungile), umzimba wakho uphela wokhanyiseleka.

Kubaluleke kakhulu ukuqonda ukuba iliso liyifestile yezakwamoya nezomphefumlo. Le nto uyibonayo ikuxelela ngale ndawo ukuyo. Uyiboniswa yinotni indlela? Liliso. Ubona ntoni ke? Uzibona uxhasa ibandla ngezimal? Uyavangela? Okanye, ungosomashishini omkhulu? U Eliya wathi kuElisha ukuba uyandibona xa ndisimka. U Eliya wayengathethi ngokubona ngamehlo enyama, wayethetha ngamehlo omoya.

Amehlo akho ayakwazi ukukubonisa izinto zokomoya kuba abona izinto zingekabonakaliswa. U Abraham wenziwa uyise wezizwe ngenxa yokuba wakubona oko. Amehlo zezona zixhobo azisebenzisayo uThixo, kwano phofu!

Ukhozi luncedwa ngamehlo alo abona kude; lubona kangangokuphindwe kasibhozo kunomntu. Mawavuleke amehlo akho omoya uqalise ukubona. Ukuba uyayibona, ungayifumana. Ukuba uzibona uphilile emzimbeni fumana impiliso, emtshatweni, ezimalini, ebhizinesini, kwikhondo olilandelayo. Ngokuqinisekileyo uya kuzifumana ezo zinto

Ukhozi luncedwa ngamehlo alo abona kude; lubona kangangokuphindwe kasibhozo kunomntu. Mawavuleke amehlo akho omoya uqalise ukubona. Ukuba uyayibona, ungayifumana. Ukuba uzibona uphilile emzimbeni fumana impiliso, emtshatweni, ezimalini, ebhizinesini, kwikhondo olilandelayo. Ngokuqinisekileyo uya kuzifumana ezo zinto

ISIPROFETO

Andishoti nganto ebomini, kuyintabalala nje. Andiswelanga nto. Yiyo le imali isiza kum ngoku! Nabu ubutyebi buwelela kum ngoku, ngegama likaYesu. Mayibongwe iNkosi!

ESINYE ISIFUNDO

ULuka 11:34

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: Izenzo 9-10

**UObhadiya 1:17 (KJV)**

Ke, entabeni yeZiyon kuya kubakho okusindileyo, kube yingcwele; indlu kaYakobi izihluthe iindawo eyazihluthwayo.

Uhambo olusuka eYiputa lusiya kwilizwe lesithembiso umthetho walo lwaludla ngokuthatha iintsuku eziyi-40. Kambe oonyana bakaSirayeli bona bachitha iminyaka eyi-40 bebhadula entlango. Ndibona abantu bebhadula bagqibela bebuya bengaphethe nto kodwa uYoshua yena wasuka ekubhaduleni wasuka wathatha. Ihambo yakhe yayineziphumo nenkqubela.

UYoshuwa akazange avumele iimpazamo zangaphambili ziphazamise awayejonge kuko. Wayengagungqi kwiphulo lakhe lokulidla ilifa ilizwe ledinga.

Ngqala, ugqale, ukhule emoyeni, ungaphazanyiswa nto.

Namhlanje, ndiyaprofetha ndithuza kuzibona iziphumo. Iinzame zakho azizi kukushiya ulambatha. akuzi kuba sisibhaduli apha ebomini. Akuzi kubalwa njengabangenakavalizinzileyo, abamaphupha aphanzileyo. Umoya uthi mandithi: iimini zokubhadula kwakho ungabambi nto ziphelile! Ukususela ngoku, konke okwenzayo kophumelela kube nobungqina obubambekayo. Isiprofeto siza kuzaliseka sibe yinto efezekileyo kulo nyaka waMasi noBusi!

ISIPROFETO

Ndiloyisile ihlabathi, ndizithathle ezam azibamba izinto zam, andisayi kuze ndiphuke ngenye imini ebomini bam. Apho abanye batsala nzima, ndiya kuphumelela. NdingumKristu ovelisa ubungqina ogcwele amandla kunye nolawulo! Dumisa inkosi! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Indumiso 69:35

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo namhlanje: Izenzo 11-12

**Yoshuwa 2:1 (KJV)**

UYoshuwa unyana kaNun wesusa amadoda amabini aziintlola, esithi ngasese, Hambani niye kulikhangela ilizwe neYeriko. Ahamba ke, aya endlwini yenkazana elihenyukazi, egama linguRahabhi, alala khona.

Ndive futhi undive kakuhle: lo ngunya-ka waMasi noBusi esimphiwe nguYehova. Asiyompazamo; isiprofeto siphumile, sithathe uye ngaso emfazweni! Isiprofeto sisixhobo olwa ngaso imfazwe! Ukuba uhlala phezu kwaso isiprofeto, uya kuba sedabini oko usilwela okungokwakho!

Namhla ndithi akuzi kuyiphosa njeng-abakuzalayo abayiphosayo. Akukho nto yakho iya kuma endleleni! Akukho mda uya kuma phambi kwakho. Aniyi

kujongana nemiqobo yendlela ababejongene nayo ooyihlo. Akuyi kwenza zimpazamo zazenziwe ngabaphambi kwakho ziya kukunqanda kungafezeki konke akumisele kona uThixo. Okwavalela abanye, akuyi kukualela wena.

Ungudiliziindonga wena, umnqamli wemida, utsiba ngaphaya, ushukumisa iintaba, unamandla angummangaliso -spiritual juggernaut! Memeza uthi, "Mna ndingowesi sizukulwana siza kwenza abangazanga bayibona abangaphambi kwam. " Amen!

ISIPROFETO

Ndiphila ubomi baMasi noBusi! Ndakushukuma neengelosi ziyashukuma; ndakuthetha, konke kuyenzeka. Ubomi bam buzele bubungqina luzuko lukaThixo! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UYakobi 2:25

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo namhlanje: Izenzo 13-1

**KumaHebhere 13:15 (NIV)**

Ngoko ke masithi ngaye sinyuse ngamaxesha onke kuye uThixo umbingelelo wendumiso, oko kukuthi, isiqhamo somlomo olivumayo igama lakhe.

Eyethu indlela yokunqula, isiqhamo semilebe yethu, lidini. Ukubonga nokunqula kuqala ngexesha elithile kodwa akufanele kuphele. Kufuneka sihlale sikwenza ngoba ukuzukisa uThixo akuohezi.

EBhayibhileni, uDavide ngumdumisi owyekwazi ukuyithambisa intliziyo ka-Bawokwaye uThixo utsho ngokwakhe watsho wathi usentliziyweni yakhe. Xa udumisa uyamsondeza uThixo, kuba ilizwi likaThixo lithi uhleli emibongweni yabantu bakhe.

Ubuhle dendumiso kukuba ikusondeza kuThixo, ukuve ukubetha kwentliziyo yakhe. Xa unqula udumisa uThixo, uhleli entliziyweni yakho. Abunakungabikho ubungqina obubonakalayo. Kwenzeka utshintshiselwano xa uThixo enqulwa, edunyiswa: ithi xa inyuka imbingelelo yakho yomlomo, zihle iintsikelelo zikaThixo.

Imibongo neendumiso zabantu zinendawo eyodwa entliziyweni kaThixo, engenakwenziwa zezinye izidalwa. Lidumise ungayeki iGama leNkosi, ziya kusuka iingxaki zakho zithi shwaka ngegama likaYesu.

ISIPROFETO

Ndiya kumdumisa ndimnqule uThixo wam ubomi bam bonke, ngomphefumlo wam wonke, nangako konke okwam! Mayibongwe iNkosi! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Indumiso 119:108

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: UYakobi

**KwabaseKorinte I 15:57**

Makubulelwe ke kuThixo osinikayo uloyiso ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu.

Amandla obuKristu ahlkile kwamanye. UbuKristu abungankolo nje, dubudlelwane noThixo. Ezinye iinkolo zithetha ngokunqwenela ukufikelela kuThixo, kusoyikwa umsindo wakhe. Abunjalo ubuKrestu. Thina siyazi ukuba sikhonza uThixo onothando, onenkathalo nonenceba, owathi ngamandla akhe angenabuzwa bani, wolulela umntu isandla sakhe. Sisengaboni, uKrestu wasifela. Luthando olunjani na asenzele lona uBawo, ukuba sibizwe ngokuba singabantwana bakaThixo.

Ungumntwana kaThixo ozelwe ngomoya, kungekona ngokuthanda komntu okanye kwenyama kodwa kungo-

Moya oyiNgcwele. Wahluke ngaloo nto kwabanye. Usidalwa esitsha kuKrestu, nasehlabathini kodwa akunguye owehlabathi. Uluhlanga lwasemzini ontando yalo ingaphezulu kwizinto ezisemhlabeni. Akuphili bomi nje bungacacanga bokudinga, okwakho kukulawula amandla, impumelelo nobutyebi.

Phila ubomi loyiso. Maziqalwe nguwe izinto. Ungowasebukhosini; yenza njengowasebukhosini ke kulo nyaka waMasi noBusi!

ISIPROFETO

Ndihamba, ndithetha, ndishukuma, ndihleli ndimnye noYesu Krestu andilahlekwanga nto, andishoti ngantoNdiphelele kuYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseRoma 8:37

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: Izenzo 15-16



Kwabase-Efese 1:13 (KJV)
 enithe, nikuye nani, nakuliva ilizwi lenyaniso, iindaba ezi ezilungileyo zokusindiswa kwenu-enithe, naqiniselwa ngaye uMoya oyiNgcwele wedinga,

Xa umprofeti uSamuweli wayethambisa uDavide njengokumkani wakwaSirayeli, uMoya kaThixo wehla phezu koDavide (KuSamuweli I 16:1-13). KwiTestamente eNtsha kuthiwa uMoya kaThixo nguMoya esitywinwe ngawo kude kube yimini yentlawulelo (Kwabase-Efese 4:30). Ngoko, uDavide wathanjiswa njengoKumkani waza uMoya osebenza njengetywina wabekwa phezu kwakhe. Akazange athanjiswe ngeoli nje ukuze ukuba setroneni; watywinwa ukuze kungabikho nto inokumchukumisa.

Musa ukoyika. Musa ukungalili ngenxa yamaqhinga otshaba. Musa ukuphaphazela ngenxa yamaqhinga omyholi. Ibhizinesi yakho itywiniwe, umsebenzi wakho utywiniwe, abantwana bakho batywiniwe, imali yakho itywiniwe, inkonzo yakho itywiniwe, ifemeli yakho itywiniwe, ubomi bakho butywiniwe! Kuba athe wamkhulula uNyana, ukhululekile inene!

UThixo uyakwazi; igama lakho libhalwe entendeni yezandla zaKhe, kwaye ukwiradar yakhe. Akuzukwenzakaliswa nto, akuzukutshabalala. Usathana makabaleke wena, sukumyeka, wonwabe wakugqiba, kuba utywiniwe! Mayibongwe iNkosi!

ISIPROFETO

Ubomi bam ngoku bukuKristu, butywiniwe ngoMoya oyiNgcwele; Andichukumiseki; Andinakufa mna! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KumaGalati 3:14

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: KumaGalati 1-3

**KwabaseFilipi 4:6 (AMP)**

Ningaxhaleli nto ; mazithi iingcelo zenuezintweni zonke [yonke imeko yakho] ngako ukuthandaza nokukhunga, ndawonye nokubulela zaziswe [zixelwe ngamagama] kuye uThixo.

Ukuze wakheke ngomthandazo kufuneka ube nezixhob ezithile. Khumbula, umthandazo wenzelwe ukukwakha, asimagama nje. Kufuneka uqonde ukuba umthandazo uyacetywa, uyaplanwa. Sowudana, udandatheka nje kukuba akuwuplani umthandazo.

UMoya oyiNgcwele ukukhokela kodwa uwuplanile.. Zibuze ukuba yintoni injongo yalo mthandazo. Cwancisa izinto oza kuthandaza ngazo phambi kokuba uthandaze ukuze wazi xa zifika iimpendulo ukuba imithandazo yakho

iphendulwe.

Ngamanye amaxesha, kufuneka uzile ukudla, uthandaza. Xa ungunmkhonzi uba nemisebenzi eyahlukeneyo. Amandla omthandazo nenzila-kudla akunceda ekuwufezekiseni umsebenzi wakho.

Umthandazo uhamba nokholo ke, ngoko ngeli xesha uthandazela laa moto, elaa pomakazi lendlu okanye laa mtshato, qinisekisa ukuba unokholo lukaThixo oluza kuyikhusela into oyithandazelayo. Xa uthandaza uba noyolo noMoya oyiNgcwele, ke lindela ukuba uThixo athethe nawe ngeli xesha uthandazayo.

ISIPROFETO

Xa ndithandaza, iZulu liyaphendula. Ndimi ekudibaneni kobuThixo nobuntu kwaye ndisebenzisa amandla kunye nobukhosi ngomthandazo eGameni elinamandla likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UDaniyeli 6:10

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: KumaGalati 4-6



KwabaseKorinte I 15:4 (AMP)
nokokuba wangcwatywa, nokokuba
uvukile] ngomhla wesithathu, ngok-
wezibhalo [ezazixeliwe].

Zazikho nje iimpikiswano neengxoxo malunga nobuThixo bakhe, zintathu nje kuphela uYesu iintsuku zokungqinisa kubagxeki nabachasi bakhe ukuba waba nguThixo osenyameni; iintsuku nje ezintathu kuphela ukubonisa umahluko phakathi koButhixo bakhe nobuntu, kwaye wakwenza oko ngokuzukileyo!

Yonke imimangaliso eyenziwa nguYesu yayingabakholisi, ababemthandabuzade wabethelelwa emnqamlezweni, wafa, wangcwatywa, wavuka, zonke ezo zinto ngeentsuku ezintathu; batsho bakholwa emva koko ukuba unguMe-

siya ngenene.

UYesu wawuxhoma umgangatho. Istandathi sokuvavanya ukuba ungubani na ngenene yinto eyayingazange yenziwe ngaphambili. Umntu angafa, omnye amvuse kodwa akakho owakha wazivukela ekufeni ngaphambili!

AmaKrestu amaninzi awanamibono mikhulu, aze aphase; ajonga apha kufuphi achane! Funda ukubona izinto ezinkulu eziphaya. Bona izinto ezinkulu ngefemeli yakho, abantwana, izimali, neeprojekthi zakho. UThixo ungaphezu kokwaneleyo. Uyaphuphuma uBawo, kuyintabalala nje yezinto kuye. Thembela kuye, uya kukwenzela!

ISIPROFETO

Ndinemibono, ndijonge phambili ukuze ndifumane ibhaso lobizo lwam oluphezulu. Kule, ndiza kuphumelela! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UHoseya 6:2

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: Izenzo 17

**UYohane 1:1 (KJV)**

Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye ulizwi ekuye uThixo, waye ulizwi enguThixo

Wonke ummangaliso usekelwe kwiLizwi likaThixo! Xa sishumayela, asishumayeli nje kuba sithanda, sishumayela uku-bonakalisa amandla eLizwi lakhe.

Umtyholi asikwazi kuthi ulutshaba lukaThixo kuba uThixo mkhulu kakhulu. Akanazo iintshaba, utsho ngokucacileyo nomdumisi kwiNdumiso 110:1, "Utsho uYehova eNkosini yam ukuhi, Hlala ngasekunene kwam, ndide iintshaba zakho ndizenze isitulo seenyawo zakho." Khawube nomfanekiso-ngqondweni kaThixo wemimangaliso ebungangamsheni bakhe ejongene nomtyholi eyile nto incinci njengotsha-

ba lwakhe!

Ukhonza uThixo omkhulu onokukusikelela ungawuvali umlomo! Kwenzeka ngoko, usayifunda ngalo mzuzu le ncwadi yeziprofeto namhlanje! UThixo wathetha, kwaba njalo. Wathi, "Makubekho ukukhanya!" kwabakho. Ngoko, ndithetha impumelelo ebomini bakho namhlanje! Xhamla incasa nevumba elimnandi lamasi nobusi, egameni elinamandla likaYesu! Amen!

ISIPROFETO

Ndiyalisebenza iLizwi. Uvuyo lwam luphuma eLizwini leNkosi kuba ndiyazi ukuba iLizwi liyasebenza! Ndinamathela eLizwini, kwaye ndibuya nobungqina! Dumisa inkosi! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KaYohane 1:1-2

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: KwabaseTesalonika I no-II

**INdumiso 42: 1 (KJV)**

**Njengexhama elitsalela emifuleni ya-
manzi, Wenjenjalo ukutsalela kuwe,
Thixo, umphefumlo wam.**

Xa uthetha ngenkqabela ujonge izinto ezilungileyo okanye ezimbi ngokwakwamoya. Imini ezi sihlolwa ngeetheknoloji ezintsha kwaye usathana usebenzisa ezinye zazo ukusibonisa nokuhambisa iajenda yakhe. Ngoko kule mihla yokugqibela, kufuneka utsalwe ngakumbi zizinto zikaThixo.

Ukulambela into kuhamba nokungatshintshatshintshi. Isicelo sakho semihla ngemihla masithi Nkosi, thabatha yonke into; mandilambele wena! Into oyilambeleyo yiyo ebonisa uhlobo lwendlala ekuphethayo. Lambela izinto zikaThixo, ukusebenzela inkonzo,

ukuzuza imiphefumlo emininzi.

Nantoni na ozikhwebulayo kuyo, unegunya phezu kwayo. Xa uzilambele ngamandla ezomoya, uba ngumlilo ovuthayo, iyakutshisa lento, akuyoyiki imfazwe!

Thatha idabi lasenyameni ulise emoyeni. Musa ukuyekelela emthandazweni nakumsebenzi weNkosi. Thatha inxaxheba kwinto yonke kaThixo kule mihla yokugqibela, aluyi kuphikwa bani uloyiso lwakho!

ISIPROFETO

Ndonganyelwe kukuzondelela ezikaThixo, andingowam ndingokaYesu. Ndinovuyo noxolo kuKrestu. Ndohlala ndimngqina ngegama elinamandla likaYesu! Amen!

ESINYE ISIFUNDO

Indumiso 119:20

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo namhlanje: Izenzo 18-19

**KuYohane I 5:4 (KJV)**

Ngokuba konke okuzelweyo nguThixo kuyaleyisa ihlabathi; lulo ke olu uloyiso oluleyisayo ihlabathi, ukholo lwethu.

Thetha la mazwi ale vesi ngoku: Mna ndizelwe nguThixo; ndiloyisile ihlabathi. Amazwi am azoyisile iingcinga ezimbi; Ndidlamkile kuKrestu. Intswelo ikude lee kum. Ndingumoyisi, andiloxhoba, ndineentsikelelo zanaphakade! May-ibongwe iNkosi!

Uyabona, iBhayibhile asiyoncwadi nje.. Ibubomi bokwenyani. Kungoko ndisithi vuseleleka; ILizwi liyasebenza! Ubomi bakho mabubonakalise iintsikelelo zikaThixo phezu kwakho. Izinto zakho mazisebenze kakuhle. Intliziyo yakho mayilimpombe kakuhle igazi. Amehlo akho mawabone ngokucacileyo;

awakwazi ukufiphala. Onke amalungu omzimba wakho kufuneka makeve iLizwi likaThixo. Ibhizinesi zakho mazikhule, zenze ingeniso. Xa uyalela imali ukuba ize kuwe, mayize. Intlupheko ayilolifa lakho, asibobuthixo ukuhlupheka..

Ezi Ndaba zilungileyo sizishumayelayo zithi phuma ebuhlwentshini, ungene empumelelweni. Inyani yeyokuba ngokufunda nje lo myalezo namhlanje kuguquka izinto kuwe. Yinguqu namhla!Vuya, ubhiyoze!

ISIPROFETO

Ndizelwe nguThixo, kwaye andinakusilela. Ndingumoyisi, ndi-wina kuyo yonke endiyenzayo. Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KaYohane I 4:4

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: KwabaseKorinte I 1-4



Imizekeliso 10:15 (KJV)

Ubuncwane besityebi ngumzi waso oliqele; Intshabalalo yabasweleyo bubhlwempu babo.

Inkoliso yabantu ingakumbi amaKrestu, ityekele ekubeni nembono eyahluki-leyo ngokuphathelele kwimali nobu-tyebi. Yazi into yokuba intlupheko sisix-hobo! Intlupheko ize kubulala abantu kodwa xa ifika kwizityebi, izityebi ziy-isebenzisa njengecebo lokuzikhusela. Qaphela ke ukuba xa le ntlupheko ifika kolambayo, ayibikho imali yokuzikhuse- la; yiyo loo nto kuye kuqhambuke izen- zo zobubi.

Amanye amaKrestu ngempazamo asanxulumanisa ubungwele nent- lupheko nokungqiba unangoku, ecinga ukuba bubuthixo obo. Ay-

iphukanekanga nje le ngcinga, ikwayingozi kuba ukuswela imali kun- gakubeka emciphekweni wokufa!

NjengomKrestu, ingqondo yakho mayibe yeyokwenza imali ukuze ukwazi ukuxhasa ezasebukumkanini bukaThixo, ukwazi nokukhusela intsapho yakho, umtshato, inkonzo nesixeko sakho. Xa unemali uba nexesha lokuthandaza. Ngoko, lunga ulungele ukuze ukwazi ukuxha- thisa, ulutyhalele phaa utshaba hayi ngemithandazo yodwa kodwa nangezimali ukuze udlale indima ebonakaloyo kule mihla yokugqi- bela!

ISIPROFETO

Andiyamkeli intlupheko. Imali yam ngumkhuseli wam nosa- pho lwam. Ndamkela intabalala ukuze ndifake isandla kwe- zobuKumkani. Imali yam isikelelekile, ndihamba ebuncwane- ni bempumelelo endiyinikwe nguBawo. Amen!

ESINYE ISIFUNDO

Imizekeliso 18:11

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sanamhlanje: KwabaseKorinte | 5-8

**KwabaseFilipi 3:13-14 (KJV)**

Bazalwana, mna andizibaleli ekuthini ndigangile; ke ndenza nto-nye: ndithi, ndizilibala izinto ezisemva, ndisolulela kweziphambili...

Inye into ethintela abantu bakaThixo bangaxhamli ziqhamo zibonakalayo kukungakwazi ukusuka kwizinto ezidlulileyo. Andikwazi ukubala ukuba bangaphi abantu endikhe ndadibana nabo abanale ngxaki. Esi sisixhobo somtyholi esiqinisekisa ukuba umntu uhlala evaleleke kwikhephsyul okanye esingotyani esizele zizinto zakudala - ezilungileyo, ezimbi kwaye ewe, akuzinto zimbi nje kuphela esithetha ngazo ezidluleyo, nangezintle kakade siyathetha. Mandicacise.

Ukhe wadibana nabantu abaqhayisa ngezinto abazenza kudala? Ungabeva besithi, "Ndandikade ndiyinto enkulu mna!" Okanye "Ndandiyinjinga kwiminyaka eyi-20 eyadlulayo ". Yintoni leyo? Lixesha elidlulileyo lisenza izinto zalo- ezikukugcina uhleli ndaweninye ulimele ungakwazi kwenza ezinye izinto ezinkulu!

Ukususela namhlanje, yala ukulandelwa ziimpazamo okanye izinto owaziphumeza kudala. Phumelela ngakumbi ngoku! Kukho ibhaso elikhulu ngaphambili kodwa indawo yokuqala – zilibale ezidlulileyo!

ISIPROFETO

Imbali yam, ihistri, ilapho imele ukuba khona – ngasemva! Ukususela namhlanje ndiza kwenza ngaphezu kokuba ndakha ndenza kwaye ezidluleyo, azingeni ndawo kubomi bam obutsha ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Ulsaya 43:18

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseKorinte I 9-11

**KuTimoti 1 3:15**

Ukuba ke ndithe ndalibala, ndikubhalela ukuze wazi, ukuba kumelwe kukuthiwani na ukuhanjwa endlwini kaThixo, yona ilibandla likaThixo ophiliyo, intsika nesiseko sayo inyaniso.

Esi sibhalo sivula ngaso namhlanje sikhombisa ukuba ikho indlela ekulindleleke ukuba siqhube nemasiziphathe ngayo endlwini kaThixo. Yindlela ecwangcileyo efanele ukulandelwa ngawo onke amaKrestu. Uyabona, sibizwa ngokuba singooKumkani nababingeleli okanye abapriste, kwaye ngenxa yoko, sibizelwe ukuba siziphathe ngendlela ebonisa ukuhlonela ubukho boThixo wethu kuthi nesimeleyo.

Bazalwana noodade, okukhona ungena nzulu kuThixo, kokukhona uba nemimiselo xa kwakufikwa kwisimilo esibi. Uyayeka ukuba ngulo mntu ubukade unguye—uba bhetele! Ngesiqophe, uye wazi xa izenzo zakho zingafanelekanga, wazi xa indlela onxiba ngayo ecaweni ingafanelekanga, uvela wazi nje ukuba indlela othetha ngayo nabanye ayilungile—lundiliseko ke olo, isidima esihambisana nokubizwa ngoKrestu.

Ukususela namhlanje, zama ukulungisa indlela oziphatha ngayo nendlela omawubonwe ngayo kuba ubizwa ngoKrestu.

ISIPROFETO

NjengeKumkani noMbingeleli woThixo Osenyangweni, nditshintsha indlela yokwenza. Ndiza kucaca ukuba ndimele uKrestu ngandlela zonke. Haleluya!

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseRoma 1:9

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseKorinte I 12-14

**UYohane 14:15 (KJV)**

Ukuba niyandithanda, yigcineni imithetho yam.

Uthando aluntsonkothanga ngolu hlobo bacinga ngalo abantu. Ngamafutshane, uthando kukuxhasa le nto uyibabaza ngomlomo ngezenzo.

NgokukaThixo, ubungqina bendlela omthanda ngayo kukwenza ilizwi lakhe; kukulubonakalisa uthando lwakhe, ubume bakhe. Ubomi bakhe kunye nendalo yakhe ekuwe—ubulungisa Bakhe kuwe—abubenzi buhle nje ubomi bakho, ukwabenza bube lula.

Ungamkholisa uThixo yonke imihla ungadanga utsale nzima. Abaninzi bacinga ukuba ngokucula indumiso

emnandi ngentliziyo yakho yonke uzilile, iinyembezi ziqengqeleka, mhlawumbi usiva ngahlobo luthile nangaphakathi, ulubonisile uthando lwakho kuThixo. Ubungqina, ngokwaseLizwini, bulula – phila ilizwi; obo bubungqina bokuba umthanda ngokwenene!

Ungasele uqhuba uphila ngokwemithetho nezithembiso zikaThixo nje namhlanje? Bubungqina obaneleyo obo bokuba uyamthanda Yena!

ISIPROFETO

Ndiyakuthobela kwaye ndikwenza konke okuthethwa nguYehova, iNkosi yam, njengobungqina bothando lwam. Imithetho yakhe ibubomi kum, kwaye ndisikelelekile ukubizwa ngaye! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KaYohane II 1:6

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseKorinte I 15-16

**INdumiso 16:11 (KJV)**

Uya kundazisa umendo wobomi; Ebusweni bakho yinzaliseko yemi-vuyo; Ekunene kwakho yimihlali ngo-naphakade.

UbuKrestu abususithukuthezi. Kwindlela elibona ngayo ihlabathi – ubudlelane noThixo akuyonto ikruqulayo!

Khawuphinde ujonge esi sifundo singentla. Sithi ebusweni bukaThixo, ukhokelwa kuyo yonke indlela oyihambayo - akukho zimpazamo. Akupheli apho! Kukho ukuzala luvuyo kunye nokonwaba okuhlala ubomi bonke! Khawundixelele, kwenzeka njani ukuba ubuhlobo noThixo bukruquke kwaye bube yinto eqhelekileyo, enenam-dla? Uhamba njani nabangalunganga abakhangela iziyolo zelizwe? Liba-

la ngeziyolo zabantu bobu bomi ezizezexeshana neziza nokuzisola okukhulu. Ubukho bukaThixo bukunika uyolo olungenakuchazwa - ubomi obumnandi, obungenaxinzelelo!

Ukususela kulo mzuzu, yenza ubudlelane noThixo ibe yeyona nto iphambili. Lifundisise iLizwi ngomdla. Bekela bucala amaxesha omthandazo yonke imihla kwaye ufumane ulonwabo ngonaphakade kweli xesha leKrisimesi nangaphaya!

ISIPROFETO

Ndiphila obona bomi bumnandi kuKrestu! Isithukuthezi, ukungazinzi, intswelo nokudideka azinandawo singasoze zibe nayo ebomini ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UYobhi 36:11

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isibhalo sakho sanamhlanje: KwabaseKorinte II 1-4

**KaPetros 1 2:9**

Ke nina nisisizukulwana esinyuliweyo, isibingeleli esibukumkani, uhlanga olungcwele, abantu abayinqobo; ukuze nivakalise isidima salowo wanibizayo ukuba niphume ebumnyameni, ningenekukhanyeni kwakhe okungumangalisayo;

Esinjani ukuba namandla sona isifundo! Mayibongwe iNkosi! Niyayibona le nto bazalwana noodade? Kulungile, masiyicazulule: UThixo weza ekhangela wena lo, ekwazi ngegama, wakufumana uphakathi kobumnyama, wakukhupha ebumnyamani obabukurhangqile ekutsalela kuYe – ekukhanyeni kwakhe! Owu, olunjani lona ubabalo!

Ungathini ukuziphatha ngokomntu wonke kodwa ebumnyama bagxothwa kuwe? Isifo sisithatha isibindi sokuhlala kuwe kodwa uphila ekukhanyeni kukaThixo okumangalisayo? Musa ukuzidibanisa nezinto zehlabathi zokungakholwa. Wakha wamva umntu esebenzisa le ntetho ithi, 'Ndi-lit?' Logama esahleli ebumnyameni, akakho lit tu; sithi aba-lit! Wonke umntu owamkele uYesu Krestu njengeNkosi noMsindisi wakhe ubushiyile ebumnyama, ngoku uhlala ekukhanyeni kukaThixo.

Ubuziwe ukuba ubonise kananjalo wabelane nehlabathi ngolo khanyiso oluzuze kuKrestu! Yenz namhanje loo nto!

ISIPROFETO

Ndiphila ekukhanyeni kukaThixo okumangalisayo. Oko kuthetha ukuba andifani nabanye, ndahlukile. Andibuyi ngamva ndiyoyisa namhlanje, andiyamkeli enye into, LULOY-ISO lodwa! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseFilipi 2:15-16

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isibhalo sakho sanamhlanje: KwabaseKorinte II 5-9



KumaHebhere 1:7 (NIV)

Ethetha ngezithunywa zezulu uthi, Izithunywa zakhe uzenza imimoya, nabakhonzi bakhe amalangatye omlilo.

Kukho inqanaba ofikelela kulo njenkomKrestu lokuba ungabi ngonika umyalelo wokuba uhle umlilo; ibe nguwe OTSALA UMLILO, ude UBE NGUWO!

Wakha wazibona iimpahla, nezinye izinto eziwuthatha msinyane umlilo? Ungangazithembi xa uzijongile, uzidelele. Awucingi ukuba ziyingozi xa uzijongile okanye aziyiyo – xa uqala ukuzijonga azinabungozi kwaphela. Ubume bokwenyani bezi mpahla bubonakala xa sele kutaka iintlantsi noba zincinci. Zi-wuthatha msinya umlilo kunokuba unokuwucima!

Nguye lo ke umkhonzi wokwenene kaThixo. Ulidangatye lomlilo! Ukuvuka kwakho kusasa namhlanje uzijonga esipilini, mhlawumbi uzibone ngathi akuyonto kodwa xa kukho imfuneko, uba ngumlilo; awunqandeki!

Akukho nto iya kuma endleleni yamadangatye akho namhlanje. Udalelwe ukuba lilangatye lomlilo. Ukususela namhlanje, ihlabathi liza kukubukela ungumlilo odwanguzayo, uvuthela iNkosi uYesu!

ISIPROFETO

UThixo wam undenze ndangumadangatye; yintoni endinganakuyenza? Ngomlomo wam nditsho ngoku ndithi ndiza kuvutha ngakumbi ngathi ndibaselwe nangakumbi, ndimzisele uzuko uThixo wam, ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

INdumiso 104:4

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseKorinte II 10-13



UHoseya 4:6 (KJV)

Bayatshabalala abantu bam kukuswela ukwazi; kuba wena ukucekisile ukwazi, ndiya kukekisa, ukuba ungabi ngumbengeleli kum; Wawulibala umyalelo kaThixo wakho; ndobalibala abantwana bakho nam.

Akho amaKrestu afunda lo myalezo namhlanje angenangxaki yokukholelwa ukuba njengabantwana bakaThixo, akafanelanga kube acinezelwe nguSathana kodwa ahlaselwa ekwakhohliswa okoko nguSathana. Ayakholelwa ekubeni akumele agule kodwa ahlala begula. Ayazi ukuba uxolo novuyo lilifa lawo kodwa awanakukuxelela ngoku ukuba agqibela nini ukulala ubuthongo obuzolileyo enovuyo emakhayeni. Ziimpazamo ezinzulu ezi bazalwana noodade, kwaye apha uza kufumana indlela yokukulungisa oko, ngokusebenzisa imigaqo emibini elula.

Eyokuqala kukuliqonda ngokuchanekileyo iLizwi. Musa ukuliva nje kuba ufuna ukuliva okanye ulifunde kuba nje ufunda – zondelele ukuliqonda! Okwesibini, ukuba amagama owathethayo akahambelani neLizwi likaThixo, ubomi bakho, obuyimbonakaliso yangaphandle yamazwi akho, buza kukuveza okungaphakathi emoyeni wakho. Awukwazi ukuthetha iLizwi likaThixo ngapha wenze okwenyama ngapha. Abanye batsala nzima kuba abazazi izinto ezilula njengezi. Liqonde iLizwi uliphile. Musa ukuba nomkhwa wokuhlala usenza ngokuchaseneyo nemithandazo yakho. Zuzwa ulwazi lweLizwi namhlanje uphile ngokokuthethwa kwalo!

ISIPROFETO

Mayiphele nya inkohliso kamtyholi esekelze ukuphazamisindlela yokholo lwam kiLizwi likaThixo elikum, ngegama likaYesu! KWENZEKILE! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UYoshuwa 1:8

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseRoma 1-3

**UMarko 8:36-37**

Kuba komnceda ntoni na umntu, ukuba uthe walizuza ihlabathi liphela, waza wonakalelwa ke ngumphefumlo wakhe? Okanye worhola ntoni na umntu, ibe sisananelo somphefumlo wakhe?

Amazwi eNkosi yethu uYesu kule vesi yanamhlanje anamandla. Kubaluleke kakhulu ukuqonda ukuba lo mhlaba ngokuqinisekileyo uza kutshatyalaliswa ze kubekho omnye endaweni yawo. Angathini ke umntu ukwaneliseka kukulahlekelwa ngumphefumlo wakhe ngenxa yento yethutyana? Ubomi obungunaphakade kuBawo wethu yinto esisigxina ekufaneleyo ukuba unikele ubomi bakho kuyo.

Kwenzeka njani ukuba kule mihla yokugqibela, kuko konke ukutyhila nokufikelela esinako kwilizwi likaThixo, ngakumbi nangakumbi amaKrestu, ananise ngobudlelane bawo noThixo ukuze abe nobudlelane nesono? Qwalasela isibhalo esivule ngaso namhlanje. Thatha isigqibo sokungabi nolunye unyawo enkonzweni lube olunye lusehlabathini. Awukwazi ukuba kwezi ndawo zimbini ngegexsha elinye.

Philela iNkosi ungayekeleli. Uthando onalo malube malunga nokuhambisa iVangeli kaKrestu kwihlabathi jikelele. Umphefumlo wakho usesichengeni, neziphazamiso zininzi. Ezinye ziza kuza ngobuqhophololo, zingaqondakali: zibe ngathi aziyonto, akuzukulahlekelwa mphefumlo. Lumka! Akukho nto kweli hlabathi iwufaneleyo umphefumlo wakho – philela uThixo, uThixo yedwa!

ISIPROFETO

Ukususela namhlanje, ndiyazibophelela kwakhona eku-phileleni iNkosi. Ubomi bam bonke buthengiswe kuye ngokupheleleyo, ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UMateyu 10:39

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseRoma 4-7



Imizekeliso 3:5-6 (AMPC)

Kholosa ngoYehova, uthembele ngoYehova ngentliziyo yakho iphela, nangengqondo yakho iphela, ungayami kokwakho ukuqonda. Ezindleleni zakho zonke umazi, umvume, yena uya kukuyalela, awenze athi tye umendo wakho.

Akukho mntu usinqwenelela impumelelo ngaphezu koThixo uBawo wethu. Okumangalisayo kukuba, kukho amaKrestu apha phandle oyikayo ukuvumela uThixo ukuba abe nendlela yakhe ebomini babo ngenxa yokoyikela ukuba uza kuphazamisa amakhondo abo emisebenzi, amaphupha abo, njalanjalo. NgokweLizwi lanamhlanje ayikho nje indlela 'angaphazamisana' ngayo uThixo nezo zicwangcwiswana zakho. Asikho isicwangciso esigqibele-

leyo ukuba asinaThixo, akambhali waso.

Khumbula, uThixo ukuthanda ngaphezu kokuba uzithanda; Ulumke ngaphezu kwakho, ungalibali ukuba ihlabathi lonke ladalwa nguye, nawe lo! Wazi yonke into engaphakathi kuwe engenakubonwa nayimayikhroskowuphu. Akanelanga nje ukwazi yonke into ngawe, uyalazi nekhondo omawuhambe ngalo. Mxelele ukuba uzilungiselele ukuba akukhokele, uredi. Mthembe ngobomi bakho. Hlala entandweni yakhe, akusayi kulahlekelwa. Thembela eNkosini ngentliziyo nangengqondo yakho yonke kwaye uthobele isandla sakhe ngephupha lakhe ngawe.

ISIPROFETO

Nantoni na endiyenzayo ukususela namhlanje, ndiza kuyenza ndiqhutywa nguMoya oyiNgcwele. Ubomi bam buyafezekiswa ukususela ngoku, I eGameni likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KuPetros I 2:6

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseRoma 8-10



KwabaseKorinte I 6:17 (NKJV)
Ke onamathele eNkosini, umoya mnye nayo.

Kuqhelekile ukuba abantu besithi, "uThixo unani okanye unawe" okanye "uThixo uphakathi kwenu". Noxa kuyinyani nje oku, ikhona engcono inyani, eyile ithi uThixo UKUWE! Zinomahluko ezi ntetho. UThixo wethu wagqiba ekubeni akafuni nje ukuba phakathi kwabantu bakhe okanye ekunye nabo; way-enqwenela ukuba ngaphakathi kubo. Yiloo nto kanye esiye sayizuza ngosindiso lwakhe oluzukileyo – umboniso wokugqibela wothando lukaThixo kuthi, thina bantu bakhe! Yivumele le nyaniso ihlale izinze kuwe: lo Thixo mkhulu wozuko, ngayo yonke inzaliseko yakhe, uhlala kuwe!

Umzimba wakho likhaya laKhe. Naphi na apho uya khona, uhamba nawe. Ishishini lakho lelaKhe naye! Awuculi okanye uthandazele ukuba asondele kuwe; SELE EKUWE! Nje ukuba uyibambe ngenene le nto, iya kutshintsha indlela ocinga ngayo kunye nendlela ophila ngayo; uya kuba nembono eyahlukileyo ngokupheleleyo ngobomi. Zixelele, "Mna noThixo, SIMNTU MNYE. Ndimnye naye kumanyano oluzukileyo kuyo yonke imihla yobomi bam! Makazukiswe uThixo!

ISIPROFETO

Intliziyo yam likhaya likaBawo wam osezulwini. Ndiza kubonwabela ubudlelane obutyebileyo obudala inguqu epheleleyo kum, ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UYohane 14:11

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseRoma 11-13

**Hebhere 13:5 (AMPC)**

... Kuba Yena [uThixo] uthе, Andiyi kukuyekela nangayiphi na indlela, ndingakuncami, andiyi kukushiya ungenankxaso. Andiyi, [andiyi], [andiyi] nangayiphi na indlela kukushiya ungenakuzinceda, andiyi kukushiya okanye ndikuyekele (ndisiyekele isandla sam kuwe)! [Ngokuqinisekileyo andiyi kwenjenjalo!].

Ndikhe ndafunda ngophando oluye lwabonisa abantu ababephila bodwa okanye ababephila ubukheswa abasemngciphekweni wokufa besebancinci kangange-32%, nangasiphi na isizathu, xa kuthelekiswa nabo bebengengomakheswa okanye amalolo. Lumphando olu obelwenziwe ngumntu olusekelwe phezu kweemvakalelo zomntu nokuziphatha kwakhe. Ikhona

indlela ephakeme ukugqitha zonke ezinye abaphila ngayo abazele ngokutsha eNkosini. Yiyo le. Njengomntwana kaThixo, unoMoya oyiNgcwele ngaphakathi kwakho.; ngoko ke, awuwedwa nakanye. Ukuwe ngalo lonke ixesha. Inxalenye yendima yakhe ebomini bakho kukuhlala esebudlelaneni nawe, esomeleza ukholo lwakho, evuselela inkalipho yokwenza intando kaThixo nokuzalisekisa ubizo lwakho.

Hlala usazi ngobukho bukaThixo kuwe ngaphakathi. UMoya oyiNgcwele akanazimpembelelo nje kuwe, unguYihlo, umkhokeli wakho, umgcini kwanoMncedi wakho. Usenokuba ujamelene nemingeni ngoku; musa ukuxhala; AWUWEDWA. Phosa amehlo akho kuMoya oyiNgcwele, akasileli nakanye.

ISIPROFETO

Andindedwa nakanye! UMoya kaThixo uhleli kum kwaye ndinaye ndisisinzi. Halleluya! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UYohane 14:26

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseRoma 14-16

**ISityhilelo 12:11 (KJV)**

Bameyisile bona ngegazi leMvana, nangenxa yelizwi lobungqina babo; ababuthandanga ubomi babo kwada kwasekufeni.

Kukho iindidi ezimbini zobungqina. Kuqala, kukho ukungqina iLizwi. Ngamafutshane, uthetha iLizwi likaThixo elibhekisele kuloo nto ikuchaphazelayo ngelo xesha. Uthetha oko likutshoyo iLizwi. Okwesibini, kukho ubungqina bemisebenzi yakhe yobabalo nothando. Lolu didi esiza kugxila kulo namhlanje.

Nantsi into omawuyazi: iidemoni ngokwenene aziyazi into oyicingayoo okanye oyaziyo kodwa xa zisiva ubungqina bakho, ziyabuthatha zibudlulisele koobhululu bazo zibaxelele ukuba bangasondeli kuwe ngoba baya

kudibana nazo zithutha apha kuwe. Makube sisiqhelo sakho ke ukunika ubungqina bamandla kaThixo, ukuthembeka kweLizwi lakhe, namandla kaMoya oyiNgcwele ebomini bakho. Uze ungayigqali njengencinane into akwenzele yona uYehova; ubungqina bakho bunamandla okumqoba amandla umchasi, atsho abhekele phaa. Njengoko sisiya esiphelweni salo Nyaka waMasi noBusi, uza kuba nabo ubungqina ngakumbi kwezi ntsuku zimbalwa zizayo ngegama likaYesu!

ISIPROFETO

Ngelizwi lobungqina bam, ndimoyisile umchasi nazo zonke iinkxwaleko. Amandla nobuqaqawuli beNkosi buza kubonakaliswa ebomini bam ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UMarko 5:20

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izenzo 20-23

**Kwabase-Efese 4:22-23 (KJV)**

...yokuba nithi ngakwihambo yangaphambili nimlahle umntu omdala, owonakaliswayo ngokokweenkanuko zokulukuhla; nihlaziye ke kuwo umoya wengqiqo yenu.

Xa iBhayibhile ithetha 'ihambo yangaphambili yomntu omdala,' ithetha ukuziphatha kwangaphambili okanye indlela yokuphila yangaphambili. Nanjengamntu unambitha ubomi njengozelwe ngokutsha ngoku, ungumntwana kaThixo, kufuneka uziyeke izinto zakudala. Iindawo owawufudula uzihamba, akukwazi kuzihamba kwakhona ngoku. Ngokwelizwi lanamhlanje, ezi ndlela zangaphambili zonakele, ukutshintsha indlela yokucinga yeyona ndlela ilungileyo iza kukusa phambili.

Qalisa ukuhlaziya iingcingane zakho ngokucinga ngezinto ezigqibeleleyo, ezintle, ube nemifanekiso yokugqwesa. Milisela ingqondo ezintweni ezinyulu, ezinobulungisa, ezinyanisekileyo, ezithandekayo, ezinesidima, nezinengxelo entle (KwabaseFilipi 4:8). Akunakukwazi ukuqhuba ubomi bakudala; ungomnye umntu ngoku. Laa mntu mdala wafa kudala; musa ukuzibeka ityala ngezinto zangaphambili. Wakwenza ngolu hlobo, buya kuya bubonakaliswa njalo ubuhle bukaMoya ongaphakathi.

ISIPROFETO

Ndihlaziyekile, ndimntu wumbi ozelwe ngokutsha ngoMoya oyiNgcwele kaThixo, ndibunjwe ngokomfanekiselo nemfano kaThixo. Ukususela namhlanje, ndineengcinga ezintle, ndicinga ngokuphumelela, uloyiso, nokungasweli nto ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseRoma 12:2

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izenzo 24-26



KuTimoti 1 2:1-4 (NLT)

Ndiyanibongoza, kuqala, ukuba nithandazele bonke abantu. Cela uThixo ukuba abancede; bathethelele, ubulele ngenxa yabo. Thandazani ngale ndlela ke ookumkani nabo bonke abasekongameni, ukuze sihlale ngoxolo nangokuzola, siphawulwe ngokuhlonelela uThixo nesidima. Oku kuhle kwaye kukhokile kuThixo uMsindisi wethu, ofuna ukuba bonke basindiswe kwaye baqonde inyaniso.

Indinyana yanamhlanje yesibhalo ilayishe imiyalelo enzulu ngomthandazo kangangokuba ndingathanda ukukucalulela yona. Qaphela indlela esixelelwa ngayo into yokuqala emasiyenze xa singena egumbini lokuthandaza. Umyalelo uthi, OKOKUQALA, thandazela BONKE ungakhethanga. Akungxami ngokuthandazela wena

kuqala; uthandazela abanye. Umthandazo olandelayo ngowabo bakwizikhundla zolawulo, ookumkani, abalawuli bezizwe, njalo njalo; qaphela, oku akuthethi ukuba uthandazela iqela olithandayo lezopolitiko okanyeinkokeli oyithandayo - ubathandazela bonke.

Kunenzuzo ukuthandaza ngolu hlobo, yaye nesifundo esi siyikhankanya ngokucacileyo le nzuzo. Sithi xa sisenza njalo, siza kuphila ngoxolo nenzolo, ubomi obo obuphawulwe bubulungisa nesidima. Ukuthandaza ngale ndlela kuyamkholisa uThixo. Khumbula, yonke imiphfumlo ibalulekile kuThixo kwaye kuyamkholisa ukubeka abanye ngaphambili, ubathandazele. Usindiso lolwabantu bonke—kwawutsho uthandazela umntu ngoku.

ISIPROFETO

Ukususela namhlanje, ndiza kuthandazela abanye ngaphezulu kunakuqala. Ndithetha iintsikelelo, ubulumko noxolo kubo bonke ookumkani nabo bonke abasemagunyeni negama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UYeremiya 29:7

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izenzo 27-28

**Isaya 41:15 (KJV)**

Yabona, ndikwenze isisizilo esibukhali esitsha, esintlangothi mbini; uya kuzibhula iintaba uzicole, iinduli uzixelise umququ.

AmaKrestu amaninzi akakaqondi uku-ba angakanani amandla asemilonyeni yawo. Loo nto yenza ukuba ahambe ngokungazi, kungekho nto ilungileyo ebomini bawo. Mandikubonise into. Kwincwadi kaYoshuwa 1:3, uThixo wathi, "Yonke indawo enyathelwa yintende yonyawo lwenu, ndininikile yona." Bazalwana noodade, nango-na oku kuvakala kamnandi, kuyinyani ekwiTestamente eNdala. Sinendlela engcono ngoku – uloyiso ngoku lusemlonyeni! Asisathi "Apho intende yonyawo lwakho iya kunyathela khona;" ndaweni yoko sithi, "Uya kufumana le

uyithethayo!"

Umlomo wakho uvelisa amandla amaninzi nje ngamagama odwa! Ngalo lonke ixesha ukhupha amagama ngomlomo wakho, usebenzisa isixhobo esiyingozi kunene. Eyona nto ingaphezu kwazo zonke kukuba ihamba nawe, iyaphatheka—akuyi naphi ngaphandle kwayo! Igama lesiGrike elithetha umlomo lithi "stoma," elithetha "incam okanye uhlangothi olu lwesixhobo." Ivesi yanamhlanje ithi sisixhobo sokubhula esibukhali esinamazinyo! Ungayigawula iphele intlupheko, intsilelo, umhlaza (cancer), isifo seswekile, i-HIV, njalonjalo. Sebenzisa umlomo wakho ukwakha eli lizwe lakho lobomi namhlanje!

ISIPROFETO

Yonke into endiyithetha ngomlomo wam namhlanje, ndiyifumene. Umlomo wam sisixhobo, kwaye ndiza kusisebenzisa nangakumbi ngoku ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UZekariya 4:7

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseKolose, KuFilemon



KumaHebhere 13:15 (KJV)

Ngoko masithi ngaye sinyuse ngamaxsha onke kuye uThixo umbingelelo wendumiso, oko kukuthi, isiqhamo somlomo olivumayo igama lakhe.

Umntu ufanele ukumdumisa kangaphi uThixo? Kanye ngeveki xa esenkonzweni okanye xa eziva efuna? Isibhalo esingasentla sinempendulo ecacileyo: sithi mbonge uThixo ngamaxsha onke. Qaphela ukuba kuthiwa 'umbingelelo wendumiso'; oko kuthetha ukuba umdumisa ngamaxsha amnandi nangamaxsha amabi! Lidini elinikelwa rhoqo; oko kukuthi, imihla ngemihla Mnike mbonge!

Ukubonga kuthetha ukubulela: ukubulela nokuphakamisa ubungamsha nobukhulu, bukaThixo, ukumvuma ngezenzo zakhe zobubele onombulelo ngazo. Ngeli xesha leziyunguma, zizame ube nala nto iyodwa ifuna ukudumisa ibulela kuThixo, ukhumbula idini eligqibeleleyo loNyana Wakhe okuphela kwakhe, iNkosi Yethu ethandekayo uYesu Krestu, awasenzela lona. Mculele iingoma ezintsha zokubulela, umdumise yonke imihla. Kulo nyaka waMasi noBusi, ukugcinile, kwaye nakulo uzayo, uza kwenza njalo. Mbonge, umdumise ngaloo nto!

ISIPROFETO

Ngomlomo wam ndinikela kuThixo wam umbingelelo wendumiso. Ukuza kuthi ga ngokuubomi bam bube buhle ngenxa yakhe. Enkosi Bawo wethu oseZulwini, ngokuba inguwe ebomini bam! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UHoseya 14:2

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Kwabase-Efese

**KaYohane I 4:17 (KJV)**

Lugqibelele ngale nto uthando olukuthi, ukuze sibe nokungafihlisi ngomhla womgwebo; ngokuba, njengoko anjalo yena, sinjalo nathi kweli hlabathi.

Khumbula ukuba emva kokuvuka kwayo, abafundi beNkosi yethu uYesu Kristu babehlanganisene egumbini, iingcango neefestile zivaliwe. Ngoku kunjalo, uYesu wathi gqi eludongeni bavela bambona selelapha phakathi kwabo. Ekuqaleni babecinga ukuba sisithunzela okanye isiporho kodwa yena ngokwakhe wathi mabambambe bamve, efuna ukungqinisisa ukuba unenyama namathambo, akasiso isiporho okanye umshologu.

Isibhalo esingasantla sigxininisa ukuba njengoko anjalo, sinjalo nathi KWELI lizwe. Nokuba uyafuna okanye akufuni,

loo nto akuyinciphisi le nyaniso nakancinci. Ngaphandle, imo yethu yokuba siyinyama ibonwa lihlabathi lonke kodwa inyaniso yona imi. Singaba athi uThixo singabo—oonyana bakaThixo abakweli hlabathi. Indalo yakhe, eubuthixo bakhe ilapha kuwe. Unako ukugqobhoza eludongeni nawe; ungazixelela wena lo uqobo iintaba ukuba mazishone elwandle, kwaye azinandlela yimbi ngaphandle kokuba zikuthpbela. Esi sifundo sibethelela ukuba unawo la mandla apha, ngoku, kweli hlabathi—hayi kweli lizayo, kweli!

Yamkela ubuyena bukaThixo kuwe uwasebenzise kweli lizwe amandla owanikiweyo!

ISIPROFETO

Ndiphiwe amandla avela phezulu! Sele ndiloyisile ihlabathi ngoKrestu. Njengoba ndiluqala nje usuku lwam namhlanje, akukho nanye into eza kuba ngumqobo endleleni yam ngegama likaYesu!

ESINYE ISIFUNDO

INdumiso 82:6

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseFilipi



KwabaseFilipi 2:12 (KJV)

Ngoko ke, zintanda zam, njengoku-ba nahlala ninokuva, lusebenzeni ni-lufeze olwenu usindiso, ninokuzoyikela nokungcangazela;

Ndihlala ndisithi logama ilizwi lihleli ku-maphepha eBhayibhile yakho, alisayi kukunika ziphumo. ILizwi litakela ngaphandle kumaphepha eBhayibhile liphile xa ucamngca ngalo ulithethe. Okwakho KUKULENZA ilizwi, hayi nje ukulifunda nokuthatha amanqaku xa umfundisi eshumayela.

UTHixo ukwenzele konke ebekufuneka ekwenzele kona ukuze uphile wonwabe usidla amasi nobusi. Kambe kodwa unoxanduva lokulisebenzisa ilizwi eli ebomini bakho. Nguwe oza kuqinisekisa ukuba zonke iintsikele-

lo ezimangalisayo zikaThixo ziyabonakaliswa ebomini bakho. Ukuba uyagula, wophukile okanye uxhwalekile emzimbeni kwaye unqwenela ukuphila, sebenzisa ukholo lwakho. Musa ukuhlala uzisizela. Phakama uqalise ukulithetha ulibhengeza uyixelele ukuba makuphele ngayo loo nto ikuhluphayo! Sebenza ilizwi eli likuwe – likhwaze, uthethele phandle ngalo! ILizwi liyaphila; musa ukuphinda ulikrwitshe!

ISIPROFETO

Ndithetha ukuphila, impumelelo, uloyiso, kunye nonyuselo, ndilisebenza ilizwi namhlanje. Yonke into ethethwa ngumlomo wam injalo ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

EkaYakobi 1:22-25

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KuTimoti I

**INdumiso 2:8 (MSG)**

Makhe ndikuxelele into elandelayo eyathethwa nguThixo. Wathi, "Ungunyana wam, Lusuku lwakho lokuzalwa namhlanje. Ufuna ndikwenzele ntoni? Yixele: lintlanga njengesipho? amazwekazi njengebhaso? Ungabayalela bonke ukuba badanise, okanye ubajule enkunkumeni ngomso."

Sonke siyazi ukuba ngaphandle kokubhiyozela ukuzalwa kweNkosi yethu ezukileyo uYesu Krestu, esona sizathu siphambili seKrisimesi, ixesha leziyunguma, likwangqamana nokuphana izipho kwabantu abathandanayo. Khawucinge nje okomzuzwana, ubuya kuthini ukuba eyona ndoda isisityebi emhlabeni ibinokukubuzisa ukuba ufuna ikuphe ntoni ngeKrisimesi? Ngathi ndiyaziva ezo mpendulo!

Kodwa ke siyintoni esona sipho sihle?

Phinda ujonge isifundo sanamhlanje. UThixo ukubuzisa umbuzo. NguMdali wehlabathi ngokwakhe lo hayi eyona ndoda isisityebi ehlabathini. Ubutyebi nobunewunewu bakhe bungaphaya kokuqonda komntu. Uthi kwivesi 8, "Ufuna ndikwenzele ntoni?" Uphendula ngokukhawuleza ngeyona mpendulo ifanelekileyo athi, "lintlanga njengesipho okanye amazwekazi njengebhaso?"

Ngaba uyawubona umahluko phakathi kwendlela uThixo acinga ngayo nendlela abantu abaninzi abacinga ngayo? Ukuba bangalini kwa ithuba, abaninzi bebeya kufuna izinto eziphathekayo ezinenzuzo encinane xa uthelekisa neentlanga eziguqulela iintliziyo zazo kuThixo. Kubeke entliziye weni yakho ukuhambisa ivangeli wena ngeli xesha lolonwabo nemibhiyozo. Nika umntu esona sipho sikhulu, esona sipho sihle, eso silusindiso lukaKrestu, ngegama likaYesu!

ISIPROFETO

Esona sipho sibalaseleyo endisinqwenelayo kule Krisimesi kukuvulelwa iintlanga nezizwe ngezizwe ukuze kusasazwe iindaba ezilungileyo. Ndithetha isivuno semiphefumlo esingazange ibonwe ngaphambili ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UYeremiya 29:7

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KuTito

**INdumiso 119:105 (KJV)**

Lisisibane seenyawo zam ilizwi lakho, Likukukhanya emendweni wam.

Ivesi yanamhlanje yenye yezona zimnandi kwincwadi yeeNdumiso. Khawucinge umzuzwana. Ungalahleka njani okanye ungangayazi njani indlela uxhobe ngezibhalo ezinje? Akunakubhideka ngoba ngeLizwi likaThixo, inyathelo ngalinye olithabathayo likhanyiselwe kakuhle.

INKosi uYesu yathi kuYohane 8:12, "... Ndim ukhanyiselo lwehlabathi: lowo undilandelayo akasayi kuhamba eb-umnyameni." Uyabona, iLizwi likaThixo liyikhampasi yakho; likhanyisa indlela yakho, akukhathaliseki nokuba ulahleka phakathi kwawaphi amatyholo neentsunguzi. Ngena elizwini – liya

kuba sisibane kwangoko endleleni yakho, ungatyhamzeli. Ukuba ulandela iLizwi laKhe, awusayi kuphulukana nendlela yakho; uya kuphumelela kuko konke okwenzayo.

ISIPROFETO

AndingomKrestu ungasaziyo apho ahamba khona. Ilizwi likaThixo lininzi kum, ngalinye inyathelo endilithathayo likhanyiselwe. Enkosi Bawo ngokukhanyisela ubomi bam!

ESINYE ISIFUNDO

KuYoshuwa 1:8

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KaPetros I

**UMarko 9:23 (KJV)**

Wathi ke uYesu kuye, Ewe, ukuba unokukholwa! Zonke izinto zinokwenzeka kuye okholwayo.

Bazalwana noodade, kubaluleke kakhulu ukuba nibuqonde ubungakanani bamandla eninawo ukwenza ubomi benu bube bobahlukileyo. Umoya wakho unamandla okwenza izinto ezingenasiphelo. Xa umoya wakho ulibambile iLizwi likaThixo, azinakubaliswa ngobukhulu izinto onokuzenza; into onokuba yiyo; izinto onokuba nazo – inene akunakunqandwa mntu, nanto!

Akukhathaliseki nokuba yiyiphi imida obekelwe yona; mhlawumbi uza kuthi hayi eyakho ifemeli imbi, irongo, okanye uthi abantu abasebomini bakho abatshuzanga okanye ukhulele

endaweni engaphucukanga, okanye akufundanga sikolweni sibabazwayo - ayenzi mahluko yonke loo nto – amathuba avulekile, akanasiphelo. Isibhalo esingentla sithi ZONKE izinto zinokwenzeka, asithi 'ezinye'. Kuphela okufunekayo KUKUKHOLWA.

Ngaba uyakholwa ukuba ubomi bakho bunokuthatha inguqu ephelileyo namhlanje? Amathuba akhona - kholwa!

ISIPROFETO

Ndiyakholwa ngentliziyo yam yonke, ndimthembile uThixo wam, ukuba ubomi bam buza kuba ngcono ukususela namhlanje. Ndizele luvuyo kuba ndiyazi ukuba kwenzekile! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

UMateyu 12:35

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KumaHebhere 1-6



UYohane 10:10 (AMPC)

Isela alizi lingazele ukuze libe, lixhele, litshabalalise. Mna ndizele ukuba babe nobomi, babe nabo ke ngokugqithiseleyo, bude buphuphume.

Ukuba usazibuza ukuba kwakutheni ukuze iNkosi uYesu Krestu ize kulo mhlababa, impendulo ilele kule vesi esivule ngayo. UThixo unqwenela kakhulu ukuba ube nobomi obungenantswelo, obunento yonke, oko kukuthi uphile ubomi obupheleleyo, bude buphuphume!

Ayingekhohleleki kwabanye into yokuba wezela ukuze babe nobomi yaye babunandiphe, ingakumbi ukuba bekungenjalo ixesha elide, ubomi bubakatsile de baqhelana neentlungu nentswelo. Bubuhlungu, bulusizi obo

bomi, ngakumbi ukuba buchasene noko uThixo abafunela kona.

Kuluvuyo kuBawo wethu osemazulwini ukukubona usempilweni, udlamkile, womelele, wonwabile, uphuphuma bubomi. Ke ngoko, yamkela icebo lakhe ngawe lokuba ube nobomi obumnandi. Mabuzale luvuyo uphila ubomi bakho, bungenantswelo, ubomi obuphuphuma lubabalo, uxolo futhi uhleka, ngegama likaYesu!

ISIPROFETO

Ukususela ngalo mzuzu, ubomi bam buza kwazi impuphuma yodwa. Andinako okwaneleyo nje kuphela; ndiya kuhlala ndiphuphuma zizo zonke izinto ezilungileyo eGameni likaYesu. KWENZEKILE!

ESINYE ISIFUNDO

KuTimoti | 6:17

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KumaHebhere 7-10

**ULuka 1: 74-75 (KJV)**

Sokusinika ukuba sithi, sihlangulewe esandleni seentshaba zethu, siyikhonze singenakoyika. Ngobungcwele nan-gobulungisa emehlweni ayo, yonke imihla yobomi bethu.

Amanye amaKrestu adla ngokubhid-wa ligama elithi ubulungisa. Makhe ndi-kukhanyisele ngalo ngokufutshane. Ub-ulungisa sisipho akukho nto uyenzayo ukuze ubufumane kuba bunikwa ngesi-sa. Ulilungisa ngoKrestu nokuba wenze ntoni na embi. Ngalaa mzuzu wawuz-inikela kuKrestu, waba lilungisa. Kulan-dela ke ukulusebenza usindiso lwakho ngokuhlonela uThixo; kufuneka uphile ubomi bomntu olilungisa. Kubizwa oko ngokuba kukuphila ngokulungileyo.

Amanye amaKrestu athi afuna uku-bonakalisa uzuko lukaThixo ebomini bawo abe engaphili ngokufan-elekileyo. UbuKrestu kukubizelwa ebulungiseni. Ubomi bukaKrestu obungaphakathi kuwe kufuneka buphilwe ngokufanelekileyo kwaye ilizwi likaThixo likukukhanya kwakho. Ubungqina bendlela omthanda ngayo kukwenza ilizwi lakhe; kukubonakalisa uthando lwakhe kunye nobume bakhe. Ubomi bakhe bukuwe - ubulungisa bakhe kuwe ben-za ukuphila okulungileyo kwenzeke kwaye kube lula.

INkosi uYesu ikunike ukoyisa isono; ke ngoko, hamba ngobulungisa.

ISIPROFETO

Ndihleli noKrestu esihlalweni solawulo nobukhosi songamele uSathana kunye nemikhosi yobumnyama. Andivumi ukuba phantsi kwempembelelo yobumnyama obulawula eli lizwe si-kulo ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KuYohane 14:15

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KumaHebhere 11-13

**UYohane 14:8-9**

... Lowo undibonileyo mna umbonile uBawo; utsho ngani na ke wena ukuthi, Sibonise uYihlo?

Basekho abantu abaninzi kweli hlabathi abangaziyo ukuba ingubani kanye kanye iNkosi uYesu. Kwabanye, uyinkokeli enkulu yezenkolo. Kodwa ke iNkosi uYesu akankokeli yankolo nje; unguThixo. Kufuneka ufunde ilizwi likaThixo ukuze ukwazi oku. KuYohane 5:39, uYesu uthi, "Ziphengululeni izibhalo, ngokuba zingqina ngam." Makhe ndinibonise iindinyana ezimbalwa ezingqina oku njengoko nikule ambo yokuhambisa iindaba ezilungileyo, ii-GoodNews, ngeKrisimesi.

Kwivesi esivule ngayo, uthi, "Lowo undibonileyo, umbonile noBawo." Mnye noBawo.

UYohane 1:1 uthi: "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi unguThixo." Ivesi 14 ithi, "ULizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu, sabubona ubuqaqawuli bakhe, ubuqaqawuli kanye bowokuphela kwamzeleyo uYise, ezele lubabalo nayinyaniso." Oku kubhekisa kuYesu. Ke ekubhiyozeleni iKrisimesi, ubhiyozela ilizwi eliphilayo nelaba yinyama.

IBhayibhile ixela ukuba inzaliseko yobuThixo ihleli kuye ngokwase-mzimbeni (Kolose 1:19, 2:9). Ungumfanekiso ophелеleyo kaThixo. Ungu "Krestu" kwiKrisimesi esiyibhiyozelayo. UThixo weza kuthi ekumzimba kaYesu. Oku kufanelekile ukuba kubhiyozelwe!

ISIPROFETO

Ukususela namhlanje, iimini zam ezizayo zonke zigqibelele – uKristu ungaphakathi kum; andilindelanga okunye nokunganeno! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KuYohane 1:10-12

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KuTimoti II

**ULuka 2:11-14 (KJV)**

ngokuba nizalelwe namhlanje emzini kaDavide uMsindisi, onguKristu iNkosi. Oku kuya kuba ngumqondiso kuni; Nofumana lusana lusongelwe eziqhiyeni, lulele emkhumbini. Kwabakho ngesiqophe, ndawonye nesithunywa eso, inkitha yomkhosi wasemazulwini, idumisa uThixo, isithi, Uzuko kuThixo enyangweni, uxolo emhlabeni, inkolelo ebantwini.

Ngentla apha ngumyalezo weNgelosi kubalusi ngaloo mini imangalisayo imini amazulu ayebhiyozela ngalo ukuzalwa kweKumkani kunye nemini esiyibhiyozelayo nathi. Wazalelwa ukuzalisekisa intando kaBawo. Wayeluthando lukaThixo olubonakaliswe kuthi. Wayeyimvana yedini likaThixo ukuba ife, ihlawule ityala losindiso lwehlabathi,

ukuzisa abantu kubudlelane obungcwele noYise.

Wasisindisa ngothando lwakhe waza wanikela ngobomi bakhe ngenxa yethu ukuze siluve uthando lukaBawo ngokudlelana naye. UYesu walubona uthando lukaYise ngendlela engazange ibonwe mntu. Wathi kuYohane 14:10, "...ndikuye uBawo, ab eke uBawo ekum!" Wayehamba ekuYise, uYise ehamba naye. Lolu thando walufumana kuYise abelana nathi ngalo. Sasingafanelekanga, singenaxabiso kodwa wasenza safaneleka.

Uzuko kuThixo enyangweni!

IKrimesi emnandi!

ISIPROFETO

Namhlanje, ndiza kuchazela abaninzi ngothando lukaThixo endinalo! Makazukiswe uSomandla! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KuYohane 3:16

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KaPetros II, UYuda



Kwabase-Efese 5:1 (KJV)
Ngoko yibani ngabaxelisa uThixo,
ngokwabantwana abaziintanda;

Njengabalandeli bakaThixo, kufuneka sibuyalasele ubomi beNkosi uYesu Krestu ukuze sibone umgangatho esifanele siphile ngawo. Akakho umntu owakha wathetha njengoYesu. Amazwi akhe ayengabonisi nje ukholo, ithemba, nothando lwakhe, kodwa adlulisela okufanayo kwabo baphulaphuleyo.

Cinga ngendlela awayewathetha ngayo amazwi nemimangaliso eyayilandela. Waxelela uPetros noogxa bakhe ababebulaleke ubusuku bonke bengabambisanga ntlanzi esithi "Yiyekeleni enzulwini, nihlise iminatha yenu ukuze kubanjiswe" (ULuka 5:4). Bathi ke, bakuwuphosa umnatha, ba-

bambisa iintlanzi ezininzi, kwaba ngenkankulu ukuwubeka elunxwemeni. Onjani wona ummangaliso owenziwa ngamazwi akhe!

Eminye imizekelo ibandakanya indlela awondla ngayo isihlele ngomphako wenkwenkwana ethethe nje amagama. Wathetha amazwi wambuyisela ebomini uLazaro owayefile; ngamazwi ache wanqanda isaqhwithi esitshabalalisayo. Inde ilisti. Amazwi wayewathetha ngendlela engafani kwaphela nabanye, atshintshe iimeko ezincany-iweyo zibe bubungqina. Wathi yena, "Ndithetha amazwi kaBawo." Yenzani kwangokunjalo ukususela namhlanje nithethe kuphela amazwi aphuma kuBawo; Thetha njengeNkosi uYesu!

ISIPROFETO

Ndithetha njengoBawo. Ukusuka ngoku ukubheka phambili, kanye njengeNkosi uYesu Krestu, amazwi am ambathiswe ngamandla okwenza okudala izinto. Into endiyithethayo iyenza-ka. Haleluya!

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseKorinte | 11:1

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KuYohane I

**EkaYakobi 3:11 (KJV)**

Umthombo umpompoza amnandi nakrakra kwangelo liso linye, yini na?

AmaKrestu amaninzi axakeke kukuqoshelisa amalungiselelo okuqala konyaka omtsha. Iinjongo zidwelisiwe, bakhrose iminwe abantu ngethemba lokuba oko baza kukufeza oko kucebileyo kunyaka ozayo. Makhe ndikunike oku. Ukuba ufuna ukuhlala uphumelela, uphile ubomi oboyisayo, kufuneka uhlale ntweninye. Nokuba ungayikhrosa kangakanani na iminiwe, akuzi kunceda. Awukwazi ukuthi uthetha amandla, ubukrothi nenkuthalo, uloyiso, ukuchuma nempumelelo, impilo nobomi obugqibeleleyo uphinde uthethe ngobuthathaka, uloyiko, ukusilela, intlupheko ubuhlwempu nokugula.

Ukuba uthi ubomi 'bungamahla-ndinyuka,' yonke into oyithethayo kukuba ubomi bakho buya abunasizinzo, abunanto iqinisekileyo. Asibobomi bamaKrestu obo; thina siya phezulu naphambili kuphela.

Waphose kunyaka omtsha ungqale kule nto uyifunayo. UThixo wozuko, osebenza ngaphakathi kwakho ukuthanda nokwenza oko kukholekileyo kuye, uya kuyiqinisekisa impumelelo yakho kuko konke okwenzayo kulo nyaka uzayo. Hlala ntweninye!

ISIPROFETO

Buza kuba nemfezeko ubomi bam kulo nyaka uzayo. Andiyi kwamkela zinto zimnandi nezikrakra ngaxeshanye. Zonke izinto zimnandi, qha gqibi, ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

EkaYakobi 1:8

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KuYohane I no-II



ULuka 6:37 (KJV)

Musani ukugweba, naye ningasayi kugwetywa; musani ukusingela phantsi, naye ningasayi kusingelwa phantsi; xolelani, naniya kukhululwa.

Uyakhumbula ngokuya uPetros wayekhanyela uYesu akube ebanjiwe? Kwabanye, uPetros kwakumele ukuba ugxothiwe angabi saba ngumpostile kwakhona; kodwa hayi kuYesu! Wabonakala kubafundi emva kokuvuka kwakhe wambuyisela uPetros. Wambuza izihlandlo ezithathu uPetros esithi, "Uyandithanda na?" UPetros empendule uYesu Kwiimpendulo zikaPetros eziqinisekileyo, uYesu wathi, "Yondla izimvu zam" (KuYohane 21:15-18).

Qaphela, uYesu akazange athi, "Petros, ubucinga ukuba ndiyilibele into oyenzi-

leyo, hii? Undidanisile! Emva kwayo yonke imimangaliso oyibonileyo kum nakuko konke ukuzingomba isifuba usithi uya kundilandela kude kube sekupheleni, undikhanyele. Inene uza kuzisola. Ndiza kuphinda ndikutembe njani ke ngoku?" Hayi, akazange ayijonge loo nto. Kodwa bethuna singasuka siluthini uthando lukaBawo! Ubunokumenza ntoni umntu okuvise kabuhlungu ngolo hlobo? Ubungayi kuyihoya nawe loo nto njengoYesu? Abanye bayaxolela baphinde bakhohlakale. Usafuna ukuba umntu ayive ingqumbo yakho. Asikokuxolela oko. Cingisisa. Xolela singekaweleli kuyaka omtsha. Thumela umyalezo, fowuna, hamba uye kumbona - xolela!

ISIPROFETO

Ndiyambulela uThixo ngokundixolela angandigwebi. Ngokuxolelwa kwam, nam ndiyaxolela. Makabongwe uThixo, Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Kwabase-Efese 4:32

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: ISityihilelo 1-8



KwabaseKolose 1:12-13 (KJV)
 nibulela kuye uYise, owasenza sakulingana ukwahlulelwa ilifa labangcwele ekukhanyeni; owasihlangulayo egunyeni lobumnyama, wasifudusela ebukumkanini boNyana wothando lwakhe,

Qonda oku ngale vesi yanamhlanje: akukho phantsi kwegunya, ubukhosi, ulawulo okanye amandla obumnyama. Ezo zinto azinakuphinda zibuthi chatha ubomi bakho kuba ukhululwe emakhamandleni. Ngoku ukwindawo la magunya obumnyama angenakufikelela okanye kusondela kuyo; ubuBukumkani boNyana kaThixo oyintanda. Akufanele ukuba ube lixhoba leedemoni. Kodwa ingxaki kukuba abaninzi eCaweni abalisebenzisi igunya labo balwe noSathana namandla obumnyama.

Njengozelwe ngokutsha, ungentla kuSathana; ukunye noYesu umoyisile esendaweni yakhe - esihogweni! Ngokuya uYesu wayemoyisa wawukunye naye!

Yiva, iNkosi ikunikile igunya lokutyumza iinyoka noonomadudwane kwawo onke amandla otshaba; kanaanjalo akukho nto inokukwenzakalisa. USathana akanalungelo lakulawula zinto ebomini bakho, ekhayeni lakho, okanye ebomini babantu bakho obathandayo. Umnye noKrestu, uthwele amandla apheleleyo negunya eZulwini naseMhlabeni okuba woyise uSathana. Mazigobe phantsi kwakho zonke iimeko, ubambeintambo zobomi bakho!

ISIPROFETO

Ndingumlawuli wobam ubomi namhlanje. Umtyholi akananto yakhe ikum okanye isebantwini bam. Ulutshaba oloyiswa kudala kwaye kuza kuhlala kunjalo! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseKolose 2:15

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: ISityhilelo 9-16

**INdumiso 23:3-4**

...Undikhaphela ezindleleni zobulungisa ngenxa yegama lakhe. Nokuba ndihamba emfuleni wethunzi lokufa, andiyi koyika bubi, ngokuba unam wena; Intonga yakho, umsimelelo wakho, uyandithuzela.

Xa wawusamkela uYesu Kristu njenjeNkosi noMsindisi wakho, wawuqala ubomi obutsha. Ngokwesi sifundo sanamhlanje, wawubekwa endleleni yobulungisa. Abanye abantu baphila ngaphandle kwentando kaThixo ngenxa yokuba abaphili eLizwini nangeLizwi. Bakwiindawo ekungafanelanga ukuba babe kuzo, bezihlanganise nabantu ekungafanelanga ukuba babe nabo, behlala ezindlwini ezingabafanelanga; ubomi babo bubheke ecaleni. Yimpazamo leyo.

Kufanele ukuba izinto zahluke kuwe; wena wamiselwa ubomi obunenjongo kwangaphambili. Ukukhokela ngoMoya wakhe ohlala kuwe kwaye yindlela akumisele yona yodwa oza kuyidinga ukuzalisekisa ubizo lwakho. Mhlawumbi uthi wenze iimpazamo ezininzi, wanxaxa kwinjongo kaThixo ngobomi bakho. Aliphelanga ixesha. Eli Lizwi lithunyelwe kuwe. Lungidisa indlela yakho ngeLizwi leNkosi. Uza kubuxhamla ubuqaqawuli bakhe ngendlela ongazanga uyicinge ngaphambili.

ISIPROFETO

Akukho nyathelo ndiya kulithatha ndingakhokelwa nguMoya oyiNgcwele kulo nyaka uzayo. Ukususela ngoku, ndihamba ngokweplani kaThixo! Haleluya, Amen.

ESINYE ISIFUNDO

Kwabase-Efese 1:11

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: ISityihlelo 17-22



KwabaseKorinte II 2:14 (KJV)

**Makubulelwe ke kuThixo, ohlala edu-
ma ngathi sikuKristu, elibonakalisa
ngathi ivumba lokwaziwa kwakhe ez-
indaweni zonke.**

Xa sijonga emva kulo Nyaka waMasi noBusi, intliziyo zethu ziba nombulelo ongazenzisiyo ngayo yonke impumelelo ebandleni nasebomini bethu ngabanye. Ivesi yanamhlanje ithi uThixo uhlala esenza ukuba soyise, sidume sikuKrestu. Siso kanye eso isizathu sokuba sibe nombulelo! Lonke uloyiso luvela kuThixo.

Ngoko ke, khawujonge emva kulo nyaka uphuma kuye; vuya uyibulele iNkosi ngako konke ekwenzele kona. Musa ukulisebenzisela ukubala izinto ezimbi ezehlileyo eli xesha koko bala iintsikele-

lo zakho. Gcoba Kunene ube nemilali ngento yonke okwazileyo ukuyenza, inkulu, incinci!

Khumbula, ngovuyo ubinakalisa ukhohlo lwakho. Ukuhlala kwakho ug-cobile, yifoto yokhohlo lwakho kuThixo.. Bulela ulindele u-2025 oza kuba mkhulu abe ngcono!

Khumbula ukuwugcina uvutha umlilo esibingelelweni sakho kulo nyaka mtsha.

Unyaka omtsha, uThixo akusikelele!

ISIPROFETO

Ndingena uNyaka oMtsha ngeendumiso zovuyo eNkosini. Uza kuba ngunyaka obalaseleyo kum ngegama likaYesu! Amen.

ESINYE ISIFUNDO

KwabaseTsalonika I 5:18

UFUNDO LWEBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Congratulations!

You have completed your 365 day Bible reading challenge.



BY PROPHET
UEBERT ANGEL

OUR LORD JESUS CHRIST

Our Lord Jesus Christ is the cornerstone of the Christian faith, His life and teachings have profoundly influenced the course of history. Our Lord Jesus Christ is known for His unparalleled compassion, wisdom, and the miraculous deeds He performed. His message centered on love, forgiveness, and the promise of eternal life, offering hope and redemption to all who believe in Him. Throughout His ministry, He travelled across the lands of Judea, healing the sick, comforting the afflicted, and teaching about God's eternal kingdom.

Receiving Jesus Christ as your personal Lord and Savior means accepting His teachings and inviting His transformative presence into your life. It is a journey toward spiritual fulfilment, grounded in faith, love, and the promise of salvation.

Through our Lord Jesus Christ, we find strength, hope, and a path to eternal peace. To be made whole, or to be saved, is to submit to God and His plan and purpose for our lives. It is a turning from our old ways and turning to Jesus Christ, to ask Him for forgiveness from our sins and to give us new life in Him.

Romans 10:9 says:

"If you declare with your mouth that Jesus is Lord, and believe in your heart that God raised him from the dead, you will be saved."

Salvation is God's free gift to us and we become His children. It is an irrevocable acceptance into the family of God and it is an empowerment to live life wholly and fully with the purpose of reflecting God to the rest of His creation.

INGABA SELE UMAMKELE UYESU KRESTU?

SINGAKWAMKELISA UYESU
NJENGENKOSI NOMSINDISI WAKHO
NGOKWENZA LO MTHANDAZO:

"YEHOVA, THIXO, NDIZA KUWE NGEGAMA
LIKAYESU KRESTU. NDIYAKHOLWA NGEN-
TLIZIYO YAM YONKE KUYESU KRESTU,
UNYANA KATHIXO OPHILAYO. NDIYAKHOL-
WA UKUBA WAFWA WAZA UTHIXO WAMVUSA
KWELABAFILEYO. NDIYAKHOLWA UKUBA
UYAPHILA NAMHLANJE. NDIVUMA NGOM-
LOMO WAM UKUBA UYESU KRESTU YINKOSI
YOBOMI BAM UKUSUSELA NAMHLANJE.
NGAYE NANGEGAMA LAKHE, NDINOBOMI
OBUNGUNAPHAKADE; NDIZELWE NGOKUT-
SHA. NDIYABULELA BAWO NGOKUSINDISA
UBOMI BAM! NGOKU NDINGUMNTWANA
KATHIXO. HALELUYA! "

NDIYAVUYISANA NAWWE! NGOKU UNG-
UMNTWANA KATHIXO.

To receive more information on how you can grow
as a Christian, please get in touch with us on

UK: +44 3333 448 612 / USA +1240 781 6942
RSA +27 51 004 0209

www.uebertangel.org | www.goodnewsworld.com

ISIFUNDO SOKHUSELEKO LWAKHO

UISAYA 54

NDIZINZE NGOBULUNGISA. ANDINAWO
AMAXHALA— ANDIYI KUQHIPHUKA MBILI-
NI NDINGAYI KOYIKA BUBI! ABUYI KUSON-
DELA KUM NAKANCINCI!

UKUBA NABANI NA UYANDIHLASELA, NA-
KANYE NDICINGE UKUBA UTHUNYELWE
NGUTHIXO. NABANI NA ONGALINGA NJE
UKUNDIHLASELA, ELO LINGE SOZE LIBE NTO.

UTHIXO WADALA UMKHANDI OBASELA
UMLILO WAMALAHLE AKHANDE IZIXHOBO
ZOKUBULALA; UKWADALE NOMONAKALISI
WOKUZONAKALISA.

ZONKE IZIXHOBO EZIKHANDELWA UKULWA
NAM AZIYI KUBA NAMPUMELELO; NABANI-
NA OMELANA NAM, ENDITYHOLA, UYA
KUJIKI ABIZWE NJENGEXOKI. MNA NDING-
UMKHONZI KAYEHOVA. NDIYAZI UKUBA
LILIFA LAM ELI NGOBA UTHIXO UNDI-
LUNGISELE KONKE.

UTSHO UYEHOVA KUM KWAYE
ALIYI KUWA PHANTSI ILIZWI LAKHE NGE GAMA LIKAYESU!
TRANSLATED FROM THE MESSAGE BIBLE IN ENGLISH



SPONSOR A LANGUAGE

Sponsor a language today through our outreach campaign.

Join us on this remarkable journey by sponsoring and sharing the GoodNews Daily devotional so that we can penetrate the hearts of millions around the world. Together, we can spread the goodnews message of God's grace to every city, every street, and household in multiple languages across the world.

Every month, our dedicated partners distribute free copies of the GoodNews Daily devotional to people in orphanages, prisons, hospitals, homes of the elderly, schools, government institutions, and countless other locations around the world. We have received testimonies of salvation, healing, divine provision, and many more as a result of this global distribution campaign. Be part and parcel of this glorious move of God by giving someone the chance for a new start and fresh hope for tomorrow.

BY PROPHET UEBERT ANGEL

 @GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL

SPONSOR AT: WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM

AVAILABLE IN MULTIPLE LANGUAGES

— A GLOBAL — VISION, REQUIRES A GLOBAL BUDGET

Become A GoodNews Daily Partner

Through your generous partnership and financial support we are able to share the GoodNews Daily devotional to every corner of the world and tell the untold about the goodnews revelation of our Lord Jesus Christ as taught by the Highly Esteemed Prophet Uebert Angel. We are able to translate, print, and distribute the GoodNews Daily devotional via our Mission Trips, GoodNews On-The-Go Campaign, and Adopt a Nation/Language to help further spread the gospel. Become a partner and stakeholder in this global vision and join us in taking God's divine message to nations across the globe through our Messenger Angel, The GoodNews Daily.

By Prophet Uebert Angel

📷📺📱 @GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL

PARTNER AT: WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM

— WELCOME TO OUR — **ONLINE HUB**

BY PROPHET UEBERT ANGEL

VISIT OUR WEBSITE

WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM

 @GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL



Experience daily inspiration and spiritual growth by visiting the GoodNews Daily website. Dive into your prophetic Word of the day and enriching content that can transform your life. Don't miss the opportunity to deepen your faith and find joy in the Word of God. Visit the GoodNews Daily website today!

For more information visit: www.goodnewsdailydevotional.com

You can also send an email to: gnd@goodnewsworld.com


Or Call at: **USA: +1 (240) 781-6942 UK: +44 333 344 8612**

ZW: +263 773 195 955 RSA: +27 (51) 004-0209

EVERY-DAY ON



Join our community of global listeners who start their day with the GoodNews Daily devotional. Listen to the GoodNews on Spotify and let it be your companion on the path to spiritual growth and biblical truth under the revelation and teachings of Prophet Uebert Angel.



EVERY-DAY ON



We bring you real-life testimonies on the impact the GoodNews Daily devotional has had worldwide through our YouTube channel. As the number one daily devotional, it has touched countless lives, spreading the message of hope, love, and faith. Through the profound teachings of Prophet Uebert Angel, the GoodNews Daily devotional has become a powerful tool for personal transformation, inspiring individuals, families, and children to live a life of purpose and fulfillment.

BY PROPHET UEBERT ANGEL



SUBSCRIBE NOW

 @GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL

WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM

GOODNEWS DAILY KIDS

The global GoodNews Daily devotional kids is reaching and impacting the world in a glorious manner. This wonderful booklet has reached millions of homes around the world, impacting the lives of children with the profound Word of God.

One of the remarkable aspects of the GoodNews Daily kids is its availability in multiple languages across the world. This inclusivity allows many individuals and children to explore the message of joy and hope contained within the devotional in their native language. As a result, more and more families and children are embracing the transformative power of God's word and experiencing positive change in their lives.

BY PROPHET UEBERT ANGEL



SCAN ME

Access to worksheets & quizzes at:
www.goodnewsdailydevotionalkids.com

 @GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL



SCAN QR CODE FOR YOUR FREE COPY!

MY NOTES

A series of 25 horizontal dotted lines for writing notes.



The Good News World Helplines

USA: +1 (240) 781-6942

UK: +44 333 344 8612

ZW: +263 773 195 955

RSA: +27 (51) 004-0209

www.goodnewsworld.com